



URhulumente  
weNtshona Koloni  
UPhuhliso IoLuntu

---

# Isicwangciso Sentsebenzo Yonyaka

2014/15

## **IPHEPHA ELICHAZA UKUBA AKUSENABANGO**

Ingxelo yesiNgesi yesiCwangciso soMsebenzo woNyaka ithathwa njengoxwehu olusemthethweni. Isabe alizothathwa njengelifanele ukuphendula xa kungatolikwanga kakuhle xa bekuguqulelwa oku.

Esi siCwangciso soMsebenzo woNyaka senziwe liCandelo eliPhezulu lesiCwangciso-qhingga seSebe, kwiSebe loPhuhliso loLuntu, iDSD.

Ukuba ufunza ezinye iikopi zolu xwebhu nceda uqhagamshelane:

The Head of Department  
Department of Social Development  
Private Bag X9112  
EKapa  
8000  
South Africa

**UmNxeba:** +27-21-4835045  
**Ifeksi:** +27-21-4838802


**PR14/2014**  
**ISBN: 978-0-621-42432-4**

**Isihloko soPapasho:** URhulumete weNtshona Koloni weSebe loPhuhliso loLuntu: IsiCwangciso soMsebenzi woNyaka 2014/15.

**INOMBOLO YASIMAHLA: 0800 220 250 IWEBHUSAYITHI:** <http://www.westerncape.gov.za>



# Organisational Organogram



### UMphathiswa waseNtshona Koloni weSebe loPhuhliso loLuntu

Le APP ifumana isikhokelo kwimiba ephambili yomgaqo-nkqubo wephondo neenjongo ezicwangcisiweyo, kwimiba ephambili yomgaqo-nkqubo wesizwe, kwiimfuno zemithetho yesizwe neemfuno zemithetho yephondo kwaye inika ingqalelo kwiinkcukacha zobalo lwakutsha-nje kwiimfuno zentlalo nezoqoqosho notshintsho kwiphondo.

Le miba iphambili iyaqhube ka ngokusebenzisana kwaye kufuneka isetyenziswe kunye ukuxhasa injongo enye, endaweni yokuba kukhutshiswane ngayo ukuyiphumeza. Siliphondo, siza kuqwalasela kwezona zinto zifanelekileyo nezipngxamisekileyo ngokweemfuno nangokweemeko zentlalo nezoqoqosho kubantu abahlala eNtshona Koloni.

ISebe loPhuhliso loLuntu (DSD) liye lahambelana neziphumo neenjongo zizonke zesiCwangciso soPhuhliso seSizwe (NDP). I-NDP iqwalasela ekunciphiseni intlupheko nokungalingani kwaye iqwalasele imiba eminzi yongenelelo. linjongo neziphumo zizonke zeNDP zihambelana ngao neNjongo ecwangcisiweyo yePhondo (PSO) 8: umz. Ukwandisa ukubandakanya wa koluntu nokuncitshiswa kwentlupheko. I-NDP ithetha ngeendawo ezingavaniyo nemfuneko “yokhuselko lweNtlalo” (Isahluko 11), kunye “nokutshintsha uLuntu nokuManya iLizwe” (Isahluko 15) kunye “nokuphucula iMfundo, uQeqesho noTshintsho” (Isahluko 9).

I-PSO8 iyasicela ukuba sijonge yonke imigaqo-nkqubo yethu enale mibuzo ilandelayo esengqondweni: ‘ingaba lo ngowona mgaqo-nkqubo yeyona ndlela yokukhuthaza ukubandakanya ka koluntu ngendlela ezzinileyo nokunciphisa intlupheko kwabo baxhamlayo kujoliswe kubo?’

Le njongo iquka le miba ilandelayo iphambili:

- *Ukomeleza iiintsapho*
- *Ukuphuhliswa kwabantwana abancinci*
- *Youth*
- *Amaqela abuthathaka*

- *Ukuthintela nokunciphisa ubundlobongela*
- *Ukwandisa ukuthathha inxaxheba kwiimeko zentlalo*

Ndizimisele ukwandisa amathuba okupuhhlisa ulutsha, ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zabemi zizinzile, kwaye zinegalelo elibalulekileyo kubomi babo, ingakumbi malunga nokuncitshiswa kwentswela-ngqesho kulutsha. Ukuza kuma ngoku, isicwangciso sethu esitsha sokupuhhlisa kolutsha sifuna ukunceda abantu abatsha ukuba 'bakwazi ukuzimela baziphelele bazine kwezoqoqosho, babesempilweni babenonxibelewano oluphilileyo boa, iintsapho zabo noluntu, kwaye kufuneka bathathe inxaxheba kwiindawo abahlala kuzo'. Ukulandeleta ezi ziphumo aabantu abatsha isicwangciso sifumanisa uluhlu olubanzi lweenkonzo, lweenqubo kuxhaswa neenkubo eziza kuqinisekisa ukuba bayakwazi ukufumana amathuba abawadingayo ukuze baphuhle.

Ngapha koko, sihleli siqwalasela ekwandiseni umgangatho wee-ECD, apho iinkqubo zokufunda ezichazwe ngokucacileyo ziye ziphunyezwe, kubantwana abaninzi. Ukunceda abantu abatsha, ukususela kwabo bancinci, ukubaphuhlisa ngokwentlalo, ngokwasengqondweni anngokwasemzimbeni yeyona nto siyibeka phambili urhulumente anokuyenza enokuqhubela phambili ukubandakanya uluntu nokunciphisa intlupheko. Usapho, ukukhathalelwu kwabantwana ukupuhhlisa kwabantwana abancinci nemfundo esesikweni ezinzileyo zezona nto ziphambili esizingayo.

Sihleli sinomngeni wokulwa ubundlobongela kwiindawo zethu, ingakumbi ukujongana nemiba ekhoyo yentlalo ebangela ubundlobongela. Iinkqubo zethu zongenelelo ukwenza kubekho amanye amathuba abantu abatsha, ngendlela ebavumela babenamandla okwenza izinto ezelungileyo, ziza kuqhubeka.

Ukunciphisa umonakalo onxulumene neziyobisi notywala kwiphondo yinto ephambili hayi kuphela kweli phondo, kodwa kuRhulumente weNtshona Koloni. Siqwalasela ubungakanani bomngeni kwaye sizimisele ukusebenzisa izibonelelo esinazo ukuqinisekisa ukuba oko kuza kuba neempembelelo ezimandla kubomi babo bazidinga kakhulu iinkonzo.

Siza kuqhubeka ukwandisa iinkonzo zokuXhotyiswa kwamaXhoba ukuze sikhazi ukufikelela kwababhinqileyo nabantwana abaninzi ababuthathaka abadinga ukukhathalelwu nenkxaso ukulwa iingxaki abanazo.

Ngokokuphuculwa kophuhliso lwesebe, ukuchaneka nokuba luncedo kweenkcukacha zengxelo kuhleli kuphambili kwisebe. Ukufumaneka kweenkcukacha zomsebenzi ezisuka kwiiNGO ezingama-2000 NGO nee-ofisi ezinikezela iinkonzo ekahlaleni ezingama-34 ngumngeni omkhulu wesebe njengoko ubonisiwe kwiingxelo zonyaka zangaphambili. Noxa kunjalo, kubalulekile ukujinisekisa ukuba iimali zikarhulumente ezisetyenziswe kwezi nkono zibonelela okuzuzwayo okuphambili kusenzelwa uluntu oluhlelelekileyo nolubuthathaka lwaseNtshona Koloni.

Okokuggibela, le APP ifumana isikhokelo kwiChildren's Act, iChild Justice Act ne-Older Persons Act, kanye neProvincial Education Act, yonke ineempembelelo kwizibonelelo zeDSD.

Ukuphendula kubuninzi bemingeni yezentlalo kwiphondo lethu elikhula ngokukhawuleza, iza kuhlala ingumsebenzi ongaphaya. Uza kufuna sisebenzisane ngokupheleleyo ukuya phambili, kwaye ndiyathemba ukuba le APP exhaswa yiPSO8 iza kuqjinisekisa ukuba izinto zethu eziphambili ziyalingana, zinenkqubela kwaye zineempembelelo ezibalulekileyo kubantu esibasebenzelayo.




**UMPHATHISWA WEPHONDO WESEBE LOPHUHLISO LOLUNTU**  
**UMnu A Fritz**

## UKUTYIKITYA OKUSEMTHETHWENI

Kuqinisekisiwe ukuba esi siCwangciso soMsebenzi woNyaka:

- Senziwa ngabalawuli beSebe loPhuhliso loLuntu phantsi kwenkokhelo kaMnu Albert Fritz kwaye silungiselelwe ngokuhambelana nesiCwangciso-qhinga seSebe loPhuhliso loLuntu.
- Sibonakalisa ngokuchanekileyo umsebenzi ekujoliswe kuwo apho iSebe loPhuhliso loLuntu liza kuzama ukukuphumeza ngezibonelelo ezikhoyo kuhlahlo lwabiwomali luka-2014/2015.

## ABAPHATHI ABAPHEZULU



**UNks Ms Marion Johnson**  
**UMlawuli oPhezulu KwisiCwangciso-qhinga seSebe**

**UMnu Juan Smith**  
**IGosa lezeMali eliPhezulu (CFO)**

**UGqr Robert Macdonald**  
**IGosa eliNika iNgxelo**

Ivunywe ngu:



**UMnu Albert Fritz**  
**IsiGqeba esLawulayo**

## IZIQUULATHISO

IMBULAMBETHE.....	iv
UKUTYIKITYA OKUSEMTHETHWENI.....	vii
ISIGABA A: ISISHWANKATHETO ESICWANGCISIWEYO .....	2
4    IMITHETHO NEZINYE IZIGUNYAZISO .....	3
4.1    Izigunyaziso zoMgaqo-siseko.....	3
4.2    Izigunyaziso zoMthetho .....	3
4.2    Izigunyaziso zoMthetho .....	5
4.3    Izigunyaziso zoMgaqo-nkqubo .....	8
4.4    Izigwebo zeenkundla zamatyala ezifanelekileyo.....	11
4.5    Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo .....	11
5    Uhlahlelo Lwemeko Oluhlengahlengisiweyo.....	11
5.1    Umandla woMsebenzi.....	11
5.2    Umandla woBume beSebe.....	15
5.3    Inkazelo yenqubo yesicwangciso-qhinga .....	20
5.4 Ukuhambelana nesiCwangciso soPhuhliso seSizwe, ONECAPE2040 nenqubo enqamlezileyo yephondo.....	23
6    Injongo Zesebe Ezibhekisele Kwiziphumo Ezicwangcisiweyo .....	25
ISIGABA B: IINJONGO EZICWANGCISIWEYO NEENKUKACHA ZENKQUBO.....	28
7    Inkqubo Yoku-1: Ulawulo.....	29
7.1    ULAWULO LOKUSEMNGCIPHEKWENI KWIINKQUBO 1 .....	35
7.2    Ulungelewaniso lomsebenzi ekujoliswe kuwo nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF .....	36
7.2.1    Uqikelelo lwenkcitho .....	36
7.2.2    Imizila yoMsebenzi neyeNkcitho .....	37
8    Inkqubo Yesi-2: linkonzo Zentlalo-Ntle Yoluntu .....	38
Ukuhlahlelwa kwemeko .....	38
Inkquyana 2.2      UkuKhathalelwa neeNkonzo zabantu abadala.....	39
Inkquyana 2.3 liNkonzo kuBantu abaKhubazekileyo .....	45

<b>Inkqutyan 2.4 UGawulayo/iNtsholongwane yakhe .....</b>	<b>48</b>
<b>Inkqutyan 2.5 Uncedo IweNtlalo .....</b>	<b>49</b>
<b>8.1       ULAWULO LOKUSEMNGCIPHEKWENI KWINKQUBO YESI-2 .....</b>	<b>52</b>
<b>8.2       Ukulungelelanisa umsebenzi ekujoliswe kuwo nohlahlo Iwabiwo-mali neMTEF .....</b>	<b>52</b>
<b>8.2.1    Uqikelelo Iwenkcitho .....</b>	<b>53</b>
<b>8.2.2    Ukulandeleta uMsebenzi neNkcitho .....</b>	<b>54</b>
<b>9       Inkqubo Yesi-3: Abantwana Neentsapho .....</b>	<b>55</b>
<b>Ukuhlahlelw kaemeko .....</b>	<b>55</b>
<b>Inkqutyan 3.2 liNkonzo zokuKhathalelw nokuXhaswa kweeNtsapho .....</b>	<b>56</b>
<b>Inkqutyan 3.3 liNkonzo zokukhathalelw nokukhuselwa kwabantwana.....</b>	<b>60</b>
<b>Inkqutyan 3.4 li-ECD nenkathalo engephi .....</b>	<b>63</b>
<b>3.5 AmaZiko okuKhathalela Abantwana noLutsha .....</b>	<b>67</b>
<b>Inkqutyan 3.6 linkonzo zokuKhathalelw kwabantwana ezibhekisele ekuhlaleni .....</b>	<b>69</b>
<b>9.1       ULAWULO LOKUSEMNGCIPHEKWENI KWINKQUBO 3 .....</b>	<b>71</b>
<b>9.1Ukulungelelanisa umsebenzi ekujoliswe kuwo nohlahlo Iwabiwo-mali neMTEF.....</b>	<b>72</b>
<b>9.1.1    Uqikelelo Iwenkcitho .....</b>	<b>72</b>
<b>9.1.2    Ukulandeleta uMsebenzi neNkcitho .....</b>	<b>73</b>
<b>10      Inkqubo Yesi-4: linkonzo Zovuselelo .....</b>	<b>74</b>
<b>Ukuhlahlelw kaemeko .....</b>	<b>74</b>
<b>Inkqutyan 4. 2 Ukuthintelwa kolwaphulo-mthetho nenkxaso ekuhlaleni.....</b>	<b>77</b>
<b>4. 3      UkuXhotyiswa kwamaXhoba .....</b>	<b>82</b>
<b>Inkqutyan 4. 4 Ukusetyenziswa kakubi kweziyobisi, ukuthintelwa nokubuyiselwa kwisimo sangaphambili .....</b>	<b>85</b>
<b>10.1     ULAWULO LOKUSEMNGCIPHEKWENI KWINKQUBO 4 .....</b>	<b>90</b>
<b>10.2 Ukulungelelanisa umsebenzi ekujoliswe kuwo nohlahlo Iwabiwo-mali neMTEF.....</b>	<b>91</b>
<b>10.2.1 Uqikelelo Iwenkcitho.....</b>	<b>91</b>
<b>10.2.2 Ukulandeleta uMsebenzi neNkcitho .....</b>	<b>92</b>
<b>11      Inkqubo Yesi-5: Uphuhliso Nophando .....</b>	<b>93</b>
<b>Ukuhlahlelw kaemeko .....</b>	<b>93</b>

<b>Inkquṭyana 5.2</b>	<b>Ukuḥlanganiswa koLuntu.....</b>	<b>95</b>
<b>Inkquṭyana 5.3</b>	<b>Ukuxhotyiswa kwamaZiko akhoyo nenxaso kwiiNPO (ICB).....</b>	<b>95</b>
<b>Inkquṭyana 5.4</b>	<b>Ukuncitshiswa kwenlupheko nobomi obuzinzileyo .....</b>	<b>99</b>
<b>Inkquṭyana 5.5</b>	<b>Uphando neziCwangciso eziBhekisele ekuHlaleni.....</b>	<b>102</b>
<b>Inkquṭyana 5.6</b>	<b>Ukupuhliswa koLutsha.....</b>	<b>102</b>
<b>Inkquṭyana 5.7</b>	<b>Ukupuhliswa kwababhinqileyo.....</b>	<b>106</b>
<b>Inkquṭyana 5.8</b>	<b>Ukupuhliswa koMgaqo-nkqubo wabantu .....</b>	<b>106</b>
<b>11.1</b>	<b>ULAWULO LOKUSEMNGCIPHEKWENI KWINKQUBO5 .....</b>	<b>110</b>
<b>11.2</b>	<b>Ukulungelelanisa umsebenzi ekujoliswe kuwo nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF .....</b>	<b>111</b>
<b>11.2.1</b>	<b>Uqikelelo Iwenkcitho.....</b>	<b>111</b>
<b>11.2.2</b>	<b>Ukulandeleta uMsebenzi neNkcitho .....</b>	<b>112</b>
<b>ISIGABA C: UNXULUMANO NEZINYE IZICWANGCISO</b>		<b>114</b>
<b>12</b>	<b>Unxulumano Neziseko Ezingundoqo Zexesha Elide Nezinye Izicwangciso Zemali .....</b>	<b>114</b>
<b>IZIBONELELO ZEEMEKO EZITHILE</b>		<b>117</b>
<b>AMAZIKO OLUNTU</b>		<b>117</b>
<b>INTSEBENZISWANO KARHULUMENTE NAMAQMURHU ABUCALA</b>		<b>117</b>
<b>ISIHLOMELO A: UTSHINTSHO KWISINCWANGCISO-QHINGA NGO 2010-15.....</b>		<b>118</b>
<b>Uhengahlengiso IwesiCwangciso-qhinga sika-2010-15 kwi-APP ngo-2014/15 .....</b>		<b>120</b>
<b>ISIHLOMELO B: IZALATHISI ZOMSEBENZI WOBUGCISA.....</b>		<b>127</b>
<b>ISIHLOMELO C:        ULUHLU LOQHAKAMSHELWANO .....</b>		<b>169</b>
<b>ISIHLOMELO D: IZISHUNQUELELO .....</b>		<b>172</b>

**ISIGABA A: ISISHWANKATHETO ESICWANGCISIWEYO**

# ISIGABA A: ISISHWANKATHETO ESICWANGCISIWEYO

## 1. UMBONO

Uluntu oluphila ngokuzenzela.

## 2. UMNQOPHISO WESEBE

Ukuqinisekisa ngamalungiselelo othungelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso loluntu ezenza bakwazi ukuphila nezixhobisa abantu abahluphekayo, ababuthathaka nabo baneemfuno ezizodwa.

## 3. IINDLELA ZOKUZIPHATHA

Umsebenzi weSebe loPhuhliso loLuntu (DSD) uza kuxhaswa zezi **Ndlela zokuziphatha zePhondo** zilandelayo:



Caring



Competence



Accountability



Integrity



Responsiveness

I-DSD iyazibophelela ukwenza le **mithetho-siseko iphambili yokunikezelwa kweenkonzo** elandelayo:

- Inkqubela: Ukusebenza ngindlela eyahlukileyo**

I-DSD iza kuzama ukuphonononga ivavanye iindlela ezahlukeneyo zokusebenza ukuze kuphunyeze iziphumo ezikwiqondo eliphezulu ngexeshana nje elifutshane kodwa lingakubekanga ecaleni ukulingana. Oku kunokuthetha ukutshintsha iinkqubo neendlela zokusebenza kwisebe nokuphucula intsebenziswano nabo bafumana iinkonzo kulo.

- Ukudibana nokubandakanya uluntu**

Siza kuqhube ka ukunika ingqalelo ekubandakanyeni abo sisebensiana nabo nabachaphazelekayo kumthetho i-Intergovernmental Relations Framework Act we-

13 ka-2005 neSakhelo soLawulo sabaChaphazelekayo eNtshona Koloni kwiSebe loPhuhliso loLuntu.

- **Ukufikeleleka**

Ukufikeleleka kweenkonzo kubalulekile. Isebe ngokomfuziselo wala maxesha liza kuqinisekisa ukwanda kokufikeleleka kwiinkonzo ezifanelekileyo nezisemgangathweni ngokomgangatho wasekuhlaleni ngokusekwa kweendawo ezingama-45 zokunikezelwa kweenkonzo kwisakhelo senkcitho sexesha eliphakathi (MTEF).

- **Ukuphendula nokungafihli nto**

Ukusiwa kwamanye amaziko ulawulo olufanelekileyo lweenkonzo ezihlanganisiwego ngokuthi kuphunyezwe uhlolo olubhekisele kwiziphumo, uvavayo nokunika ingxelo, iinkqubo ezivakalayo zoshishino nokuqhubela phambili ukuhambelana nemithetho ukuze kuphuculwe ukuphendula ngokwenzekayo kune nomsebenzi.

## 4 IMITHETHO NEZINYE IZIGUNYAZISO

### 4.1 Izigunyaziso zoMgaqo-siseko

Umthetho	limpembelelo zomsebenzi weDSD
<b>Umgaqo-siseko waseMzantsi Afrika onguNombolo 108 ka-1996</b>	I Candelo lama-28 (1) loMgaqo-siseko lichaza amalungelo abantwana malunga nenkathalo efanelekileyo (izondlo, indawo yokuhlala, iinkonzo zempilo neenkonzo zentlalo) nokungavalelwanye ngaphandle kokuba kwenzeka kuba kungekho enye into enokwenziwa.

### 4.2 Izigunyaziso zoMthetho

Umthetho	limpembelelo zomsebenzi weDSD
<b>IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo leNtlalo-ntle yoluntu (lika-1997)</b>	<ul style="list-style-type: none"><li>IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo lisebenza njengesiseko sentlalo-ntle yoluntu emva kuka-1994 ngokwemithetho-siseko enika isikhokelo, imigaqo-nkqubo neenkqubo zokupuhliswa kwentlalo-ntle yoluntu.</li></ul>
<b>IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo wabantu baseMzantsi Afrika (lika-1998)</b>	<ul style="list-style-type: none"><li>Iphepha likhuthaza uphuhliso lomntu oluzinzileyo nomgangatho qobomi babo bonke abantu baseMzantsi Afrika ngokwemiba yokuhlanganisa uluntu kucwangciso lophuhliso lweenkalo ezahlukeneyo zikarhulumente nawo onke amacandelo asekuhlaleni.</li></ul>

<b>Umthetho</b>	<b>limpembelelo zomsebenzi weDSD</b>
	<ul style="list-style-type: none"> <li>I-DSD inikwe igunya lomgaqo-nkqubo ukuhlola nokuphumeza umgaqo-nkqubo neempembelelo kwimizila yabantu namandla abo ngowona mba wophuhliso lomntu oluzinzileyo.</li> </ul>
<b>Umthetho i-Older Persons Act, we-13 ka-2006</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umthetho i-Older Persons Act we-13 ka-2006, owenziwe wasebenza ngokwesibhengezo sikaMongameli ngomhla woku-1 ku-Epreli ngo-2010, ujolise ekuxhobiseni nasekukhuseleni abantu abadala kubandakanywa nesimo sabo, amalungelo abo, impilo nokhuselo nokhuseleko lwabo ukulwa impatho-mbi kabantu abadala</li> <li>Awufani noMthetho i-Aged Persons Act yama-81 ka-1967 ugxininisa kutshintsho ukusuka kolo lwenkathalo yamaziko ukuya kwinkathalo ebhekisle ekuhlaleni ukuze kuqinisekiswe ukuba abantu abadala bahleli ekuhlaleni kangangoko benako.</li> <li>Umthetho ukhuthaza indlela yophuhliso eqwalasela: <ul style="list-style-type: none"> <li>Ubulumko nezakhono zabantu abadala.</li> <li>Ukuthatha inxaxheba kwabantu abadala kwimicimbi ypkuhlala.</li> <li>Ukulawula ubhaliso lweenkonzo zabantu abadala.</li> <li>Ukusekwa nokulawulwa kweenkonzo namaziko abantu abadala.</li> </ul> </li> </ul>
<b>Umthetho iChildren's Act , wama-38 ka-2005</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umthetho, owenziwe wasebenza ngokwesibhengezo sikaMongameli somhla woku-1 ku-Epreli ngo-2010, sichaza: <ul style="list-style-type: none"> <li>Amalungelo noxanduva lwabantwana;</li> <li>Uvanduva namalungelo obuzali;</li> <li>Imithetho-siseko nemigaqo yokukhuselwa kwabantwana;</li> <li>Ukukhuthazwa kwentlalo-ntle yabantwana; kunye</li> <li>Nokuihlanganisa imithetho enxulumene nentlalo-ntle nokukhuselwa kwabantwana nokubonelela ngemiba ehambelana nayo.</li> </ul> </li> </ul>
<b>Umthetho iChild Justice Act, wama-75 ka-2008</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umthetho useka iinkqubo zobulungisa kulwaphulo-mthetho ebantwaneni abatyholwa ngokwaphula umthetho nojolise ekukhuseleni amalungelo abantwana.</li> </ul>
<b>Umthetho iProbation Services Act, we-116 ka-1991</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umthetho ubonelela ngoku kulandelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukusekwa nokuphunyezwa kweenkqubo ezijolise ekulweni ulwaphulo-mthetho;</li> <li>Ukunikezelwa koncedo nokunyangwa kwabantu abathile ababandakaanyeka kulwaphulo-mthetho; nakwimiba enxulumene noko.</li> </ul> </li> </ul>
<b>Umthetho ohloniyelweyo iProbation Services Amendment Act wama-35 ka-2002</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Injongo yawo kukuhlomela iProbation Services Act, ka-1991, ukuze kufakwe iinkcazeloz eithjle <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukwenza amanye amalungiselelo eenkqubo ezijolise ekuthinteleni nasekulweni ulwaphulo-mthetho</li> </ul> </li> </ul>

Umthetho	Impembelelo zomsebenzi weDSD
	<ul style="list-style-type: none"> <li>○ Ukwandisa amagunya nemisebenzi yamagosa okujongana nabo balingwayo;</li> <li>○ Ukubonelela ngemisebenzi yamagosa ancedisa kwimisebenzi yokulingwa;</li> <li>○ Ukubonelela ngovavanyo olugunyaziswayo kubantwana ababanjiweyo;</li> <li>○ Ukubonelela ngokusekwa kwekomiti enika iingcebiso ngezokulingwa;</li> <li>○ Ukubonelela ngokufunyanwa kweentsapho; nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</li> </ul>
<b>Umthetho iPrevention and Treatment for Substance Abuse Act, wama-70 ka-2008</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Lo mthetho ubonelela ngokuphunyezwa kokunikezelwa kweenkonzo ezibanzi nezhangeneyo kuwo onke amasebe karhulumente. Eyona nto lo Mthetho ugxininisa kuwo kukukhuthaza iinkqubo ezibhekisele kuluntu nokungenelela kwangethuba kanye nokubhaliswa kongenelelo lonyango malunga nokusetyenziswa kakubi kweziyobisi.</li> </ul>
<b>Umthetho iSocial Service Professions Act, we-110 ka-1978; Ohlonyelwe ngo-1995, ngo-1996 nango-1998</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Umthetho usekwe ngokweBhunga laseMzantsi Afrika leeNgcali zooNontlalontle neebhodi zeengcali zomsebenzi wentlalo-ntle kwaye uchaza amagunya nemisebenzi yazo.</li> </ul>
<b>Umthetho iNon- Profit Organisations Act, wama-71ka-1997</b>	<p>Injongo yalo Mthetho kukuxhasa iiNPO ngokuseka isakhelo solawulo nesokugunyazisa izinto apho zinokwenza imicimbi yazo iiNPO.</p>
<b>Umthetho iDomestic Violence Act, we-116 ka-1998</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Injongo yalo mthetho kukukhusela amaxhoba obundlobongela emakhaya kwimpatho-mbi emakhaya.</li> </ul>
<b>Umthetho iSexual Offences and Related Matters Amendment Act, wesi-6 ka-2012</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuhlomela uMthetho iCriminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, ka-2007, ukuze ubonelele ukuba ukunyanzeliswa kwezohlwayo malunga nezinye izenzo zolwaphulo-mthetho ezikulo Mthetho zishiyiwe ngokwesigwebo seenkundla zamatyala; nokubonelelea ngemiba enxulumene noko,</li> </ul>
<b>Umthetho iPrevention and Combatting of Trafficking in Persons Act, wesi-7 ka-2013</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Umthetho uphumeza iProtholi yeZizwe eziManyene (UN) ukuthintela, ukuxinezela nokohlwaya ukuqweqwediswa kwabantu ababhinqileyo nabantwana, ukukhuthaza ingqungquthela ye-UN kulwaphulo-mthetho olulungiselelwego lwamazwe ngamazwe.</li> </ul>

## 4.2 Izigunyaziso zoMthetho

Umthetho	Impembelelo zomsebenzi weDSD
<b>IPhepha leNgcaciso</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo lisebenza njengesiseko</li> </ul>

<b>Umhetho</b>	<b>limpembelelo zomsebenzi weDSD</b>
<b>IoMgaqo-nkqubo leNtla- ntle yoLuntu (lika-1997)</b>	sentlalo-ntle yoluntu emva kuka-1994 ngokwemithetho-siseko enika isikhokelo, imigaqo-nkqubo neenkqubo zokupuhliswa kwentlalo-ntle yoluntu.
<b>IPhepha leNgcaciso IoMgaqo-nkqubo wabantu baseMzantsi Afrika (lika- 1998)</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>IPhepha likhuthaza uphuhliso lomntu oluzinzileyo nomgangatho qobomi babo bonke abantu baseMzantsi Afrika ngokwemiba yokuhlanganisa uluntu kucwangciso lophuhliso Iweenkalo ezahlukeneyo zikarhulumente nawo onke amacandelo asekuhlaleni.</li> <li>I-DSD inikwe igunya lomgaqo-nkqubo ukuhlola nokuphumeza umgaqo-nkqubo neempembelelo kwimizila yabantu namandla abo ngowona mba wophuhliso lomntu oluzinzileyo.</li> </ul>
<b>Umhetho i-Older Persons Act, we-13 ka-2006</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umhetho i-Older Persons Act we-13 ka-2006, owenziwe wasebenza ngokwesibhengezo sikaMongameli ngomhla woku-1 ku-Epreli ngo-2010, ujolise ekuxhobiseni nasekukhuseleni abantu abadala kubandakanywa nesimo sabo, amalungelo abo, impilo nokhuselo nokhuseleko lwabo ukulwa impatho-mbi kabantu abadala</li> <li>Awufani noMthetho i-Aged Persons Act yama-81 ka-1967 ugxininisa kutshintsho ukusuka kolo Iwenkathalo yamaziko ukuya kwinkathalo ebhekisle ekuhlaleni ukuze kuqinisekiswe ukuba abantu abadala bahleli ekuhlaleni kangangoko benako.</li> <li>Umhetho ukhuthaza indlela yophuhliso eqwalasela: <ul style="list-style-type: none"> <li>Ubulumko nezakhono zabantu abadala.</li> <li>Ukuthatha inxaxheba kwabantu abadala kwimicimbi ypokuhlala.</li> <li>Ukulawula ubhaliso Iweenkonzo zabantu abadala.</li> <li>Ukusekwa nokulawulwa kweenkonzo namaziko abantu abadala.</li> </ul> </li> </ul>
<b>Umhetho iChildren's Act , wama-38 ka-2005</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umhetho, owenziwe wasebenza ngokwesibhengezo sikaMongameli somhla woku-1 ku-Epreli ngo-2010, sichaza: <ul style="list-style-type: none"> <li>Amalungelo noxanduva lwabantwana;</li> <li>Uvanduva namalungelo obuzali;</li> <li>Imithetho-siseko nemigaqo yokukhuselwa kwabantwana;</li> <li>Ukukhuthazwa kwentlalo-ntle yabantwana; kunye</li> <li>Nokuihlanganisa imithetho enxulumene nentlalo-ntle nokukhuselwa kwabantwana nokubonelela ngemiba ehambelana nayo.</li> </ul> </li> </ul>
<b>Umhetho iChild Justice Act, wama-75 ka-2008</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umhetho useka iinkqubo zobulungisa kulwaphulo-mthetho ebantwaneni abatyholwa ngokwaphula umthetho nojolise ekukhuseleni amalungelo abantwana.</li> </ul>

<b>Umhetho</b>	<b>Impembelelo zomsebenzi weDSD</b>
<b>Umhetho iProbation Services Act, we-116 ka-1991</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umthetho ubonelela ngoku kulandelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukusekwa nokuphunyezwa kweenqubo ezijolise ekulweni ulwaphulo-mthetho;</li> <li>Ukunikezelwa koncedo nokunyangwa kwabantu abathile ababandakaanyeka kulwaphulo-mthetho; nakwimiba enxulumene noko.</li> </ul> </li> </ul>
<b>Umhetho ohlonyelweyo iProbation Services Amendment Act wama-35 ka-2002</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Injongo yawo kukuhlomela iProbation Services Act, ka-1991, ukuze kufakwe iinkcazeloz ezhithje <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukwenza amanye amalungiselelo eenqubo ezijolise ekuthinteleni nasekulweni ulwaphulo-mthetho</li> <li>Ukwandisa amagunya nemisebenzi yamagosa okujongana nabo balingwayo;</li> <li>Ukubonelela ngemisebenzi yamagosa ancedisa kwimisebenzi yokulingwa;</li> <li>Ukubonelela ngovavanyo olugunyaziswayo kubantwana ababanjiwego;</li> <li>Ukubonelela ngokusekwa kwekomiti enika iingcebiso ngezokulingwa;</li> <li>Ukubonelela ngokufunyanwa kweentsapho; nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</li> </ul> </li> </ul>
<b>Umhetho iPrevention and Treatment for Substance Abuse Act, wama-70 ka-2008</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Lo mthetho ubonelela ngokuphunyezwa kokunikezelwa kweenkonzo ezibanzi nezihangeneyo kuwo onke amasebe karhulumente. Eyona nto lo Mthetho ugxininisa kuwo kukukhuthaza iinkqubo ezibhekisele kuluntu nokungenelela kwangethuba kune nokubhaliswa kongenelelo lonyango malunga nokusetyenziswa kakubi kweziyobisi.</li> </ul>
<b>Umhetho iSocial Service Professions Act, we-110 ka-1978; Ohlonyelwe ngo-1995, ngo-1996 nango-1998</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umthetho usekwe ngokweBhunga laseMzantsi Afrika leeNgcali zooNontlalontle neebhodi zeengcali zomsebenzi wentlalo-ntle kwaye uchaza amagunya nemisebenzi yazo.</li> </ul>
<b>Umhetho iNon- Profit Organisations Act, wama-71ka-1997</b>	<p>Injongo yalo Mthetho kukuxhasa iiNPO ngokuseka isakhelo solawulo nesokugunyazisa izinto apho zinokwenza imicimbi yazo iiNPO.</p>
<b>Umhetho iDomestic Violence Act, we-116 ka-1998</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Injongo yalo mthetho kukukhusela amakhoba obundlobongela emakhaya kwimpatho-mbi emakhaya.</li> </ul>
<b>Umhetho iSexual Offences and Related Matters Amendment Act, wes-6 ka-2012</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuhlomela uMthetho iCriminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, ka-2007, ukuze ubonelele ukuba ukunyanzeliswa kwezohlwayo malunga nezinye izenzo zolwaphulo-mthetho ezikulo Mthetho zishiyiwe ngokwesigwebo seenkundla zamatyala; nokubonelela ngemiba enxulumene noko,</li> </ul>

Umthetho	Impembelelo zomsebenzi weDSD
<b>Umthetho iPrevention and Combating of Trafficking in Persons Act, wesi-7 ka-2013</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umthetho uphumeza iProtholi yeZizwe eziManyene (UN) ukuthintela, ukuxinezelela nokohlwaya ukuqweqwediswa kwabantu ababhinqileyo nabantwana, ukukhuthaza ingqungquthela ye-UN kulwaphulo-mthetho olulungiselelwego lwamazwe ngamazwe.</li> </ul>

#### 4.3 Izigunyaziso zoMgaqo-nkqubo

- Iphepha loMgaqo-nkqubo weNtlalo-ntle yoLuntu (1997)** lisebenza njengesiseko sentlalo-ntle yoluntu emva ko-1994 ngokwenza imithetho-siseko enika isikhokelo, imigaqo-nkqubo nemigaqo yeenkqubo zophuhliso kwintlalo-ntle yoluntu.
- Umgaqo-nkqubo waBantu kwiphepha loMgaqo-nkqubo waseMzantsi Afrika (1998)** uxhasa uphuhliso lomntu oluzinzileyo nomgangatho wobomi wabemi baseMzantsi Afrika ngokudibania imiba yabantu kwisicwangciso sophuhliso kwiinkalo ezahlukaneyo zikarhulumente nawo onke amacandelo oluntu. I-DSD inikwe igunya ngumgaqo-nkqubo ukuba ihole ukuphunyezwa komgaqo-nkqubo, iimpembelelo zawo kumzila wabantu notshintsho ngokomba wophuhliso lomntu oluzinzileyo.
- Umgaqo-nkqubo woRhulumente weNtshona Koloni kwiNkxaso-mali yeeNGO ezinikezela ngeeNkonzo zeNtlalo-ntle** uvunywe nguMphathiswa wePhondo woPhuhliso loLuntu ngo-2011. Umgaqo-nkqubo uxhaswe zizikhokelo zomgaqo nezixhobo zokuphumeza oko. Zibe ngumkhomba-ndlela kunyaka-mali ka-2010/11 kwaye ziphunyezwe ngokupheleleyo ngokwezicelo zokugqithiselwa kwenkxaso-mali neenkqubo zohlolo zika-2011/12. Injongo yalo-mgaqo-nkqubo kukuqinisekisa ukuba iintlawulo ezigqithiselwayo zilawulwa ngendlela engafihli nto ekhuthaza ukunikezelwa kweempendulo, ulawulo olufanelekileyo, iimfuno zomsebenzi ezicacileyo nemithetho-siseko yobulungisa kwezolawulo. Lo mgaqo-nkqubo uhambelana noMgaqo-nkqubo wokuWongwa ngeMali wesizwe. Umgaqo-nkqubo wenkxaso-mali uphengululwe kwikota yokugqibela kunyaka-mali ka-2012/13 nomgaqo-nkqubo ophinde wathiyya ukuba **nguMgaqo-nkqubo weSebe loPhuhliso loLuntu kwiNkxaso-mali yeMibutho engeyiyo ekaRhulumente ukuLungiselela iiNkonzo zeNtlalo-ntle neeNkonzo zoPhuhliso lweNtlalo** ziye zavunywa ukuze ziphunyezwe ukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli ngo-2013.

- **Iphepha lomgaqo-nkqubo weeNtsapho (ka-2013).** Eyona njongo yePhepha loMgaqo-nkqubo kukukhuthaza impilo entle yosapho, ukukhuthaza nokomeleza iintsapho nobomi bosapho nokufaka imiba yosapho kumalinge omgaqo-nkqubo obanzi karhulumente. I-DSD ngoku yenza isicwangciso sephondo sokuphumeza iPhepha loMgaqo-nkqubo weeNtsapho.
- **Isakhelo seeNkonzo zeNtlalo-ntle** yoLuntu (sika-2011) sivunywe sisiGqeba esilawulayo seDSD kwiSizwe ukuze ziphunyezwe ngabo bonke abadlala indima ekunikezelweni kweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu. Sayanyaniswe noHlobo Oluhlanganyelweyo Lokunikezelwa Kweenkonzo. Injongo yazo kukuququzelela nokunika isikhokelo sokuphunyezwa kweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu ezibanzi, ezhilangeneyo, eziolise kumalungelo, ezinezibonelelo ezaneleyo neenkonzo zophuhliso lwentlalo-ntle olusemgangathweni.
- **Ukuhlawulelwano koNxibelewano eNtshona Koloni** nguMgaqo-nkqubo omtsha owamkelwe yiKhabhinethi yePhondo olawula amasebe abe nesicwangciso sonxibelewano oluluqilima nohlahlo lwabiwo-mali olwensiwe ngentsebenziswano neSebe loNxibelewano oluCwangcisiweyo lweSebe leNkulumbuso ukuqinisekisa ukuhambelana nolungelelwaniso nombono woBumbano ngamandla.
- Isakhelo seeNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu iqaqambise iimfuno zophuhliso lweendlela zokuziphatha ezamkelekileyo kwiiNkonzo zentlalo-ntle yoluntu. **lindlela zokuziphatha nemigangatho elindelekileyo kwiiNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu (ngo-2011)** zibhekisele kwindlela yophuhliso eyamkelwe yiDSD ngokwePhepha lengcaciso loMgaqo-nkqubo leNtlalo-ntle (ka-1997), kwaye lifuna igalelo lokuphumeza injongo zophuhliso lwentlalo ngokophuhliso lwentlalo-ntle yoluntu.
- **UMgaqo-nkqubo oyidrafti oyidrafti wesi-5 weenGcali zoMsebenzi weNtlalo (ka-2012):** Lo Mgaqo-nkqubo ujolise ekuqwalaseleni uMthetho okhoyo iSocial Service Professions Act we-110 ka-1978. Eyona njongo yomgaqo-nkqubo kukubonelela ngesakhelo solawulo Iwazo zonke iingcali zomsebenzi wentlalo. Esi sakhele siza kujongana nokwenza bachubeke abasebenzi becadelo lophuhliso loluntu.

- IBhunga laseMzantsi Afrika leeNgcali zeNkonzo yoLuntu (SACSSP) lenze **iDrafti yoMgaqo-nkqubo weNdlela eLungileyo yokuSebenza noXanduva Iwabasebenzi abaziiNgcali zeNkonzo yoLuntu (ngo-2012)**. Ngoku ngoonontlalontle kphela, abafundi abangoonontlalontle nabasebenzi abancedisayo kwezentlalo ekufuneka bebhaisile kwiSACSSP phantsi kweBhodi yeeNgcali zoMsebenzi weNtlalo. Noxa kunjalo, uhlobo lobhaliso lunganwenela nakwezinye iingcali kwicandelo leenkonzo zoluntu. Olu xwebhu luceba kubandakanywe nabanye, kodwa akuphelelanga nje kubasebenzi abakhathalela abantwana nolutsha, abasebenzi abakupuhliso loluntu, abasebenza ngolutsha, abajongene nolwaphulo-mthetho namaxhoba.
- **Ukulawulwa kweeNkonzo zokulingwa** njengoMsebenzi weNtlalo obalaseleyo kuye kwavunywa nguMphathiswa weSebe loPhuhliso loLuntu weSizwe kwiGazethi kaRhulumente njengeGazethi yemiGaqo enguNombolo 36159, ye-15 kuFebruwari ngo-2013, Vol. 572, yama-9911, ngenjongo yokulawula nokuphucula iinkonzo zokulingwa.
- **IsiCwangciso esiPhambili sokulwa iziYobisi** senziwe. Sijolise ekuqinisekiseni ulungelewaniso IwamaSebe nabasemagunyen ikuhlaleni kwaye sihambelana nomthetho omtsha iSubstance abuse Act. Ngaphezu koko, sijolise ekuqinisekiseni ukuba ilizwe sisabela ngokufanayo ekusetyenzisweni kakubi kweziyobisi.
- **Isakhelo soLawulo IweeNgcali zoMsebenzi weNtlalo eMzantsi Afrika (sika-2011):** Esi sakhelo sifuna ukubonelela ngolawulo olusebenzayo loonontlalontle, oonontlalontle abasafundayo, abasebenzi abancedisayo kwezentlalo, abasebenzi abancedisayo kwezentlalo abasafundayo, iingcali zomsebenzi wentlalo neengcali zabucala ukuze ziqinisekise ngomsebenzi osesikweni wentlalo olungiselela abo basebenzisa ezo nkondo eMzantsi Afrika kwicandelo lenglalo. linjongo zesakhelo kukuqwalasela nokubonelela ngeendlela ezifanelekileyo nezisemgangathweni ezinika isikhokelo kulawulo.
- **Isakhelo esiQinisekisa uMgangatho weNtlalo-ntle eseMgangathweni kuMsebenzi weNtlalo (ngo-2013)** sijolise ekuboneleleni ngeenkqubo ezingatshintshiyo nemigangatho ecacileyo yokuhlolola impumelelo nokuququzelela ukuphuculwa okuqhubekeyo kweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu.

#### **4.4 Izigwebo zeenkundla zamatyala ezifanelekileyo**

IQonga laseNtshona Koloni lokuKhubazeka ngokwaseNgqondweni: Inombolo yetyala leNkundla yamatyala: 18678/2007. Ofake isicelo wenze isicelo seenkundla zamatyala malunga nokungakwazi koRhulumente weSizwe noweNtshona Koloni ukubonelela ngemiqathango efanelekileyo yeemfuno zemfundo kubantwana abakhubazeke kakhulu nangokumangalisayo. Isigwebo sinikezelwe ngomhla we-11 kuNovemba ngo-2010 malunga nalo mba, kwaye iPhondo kuye kwafuneka liqalise ngokuphumeza oku ngo-2012/13. Ngokuhambelana nesigunyaziso seenkundla zamatyala, iDSD ibonelela ngemivuzo kwabo bakhathalela abantwana abakhubazekileyo abakumaziko angama-44 anika inkathalo kwaye abonelela ngemali yokuthuthwa kwaba bantwana ukuya nokusuka kumaziko.

#### **4.5 Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo**

- Ukuqulunqwa nokugcinwa kwazo zonke iirekhodi zeenkqubo ze-ECD ezibhaliswe kweli phondo njengoko zinikwe amandla liCandelo 92(2) (a) leChildren's Act.
- Ukuqulunqwa nokulawulwa kwesicwangciso-qhinga ngenjongo yokuqinisekisa Ukugcinwa Kwemigangatho kwensiwa kumaziko anonophela abantwana nolutsha njengoko lisitsho iCandelo 211 kwakunye Nommiselo 89 womthetho iChildren's Act.
- Ukuqulunqwa koMgaqo-nkqubo Wokuhlola weDSD kwiCandelo Loonontlalontle ojolise ekuqinisekiseni umgangatho kwanendlela efanayo kweli sebe, kuphuculwe indlela elikhangeleka ngayo ngokomsebenzi koonontlalo-ntle, kugqinisekiswe ukukhula ngokweli khono lentlalo-ntle kwanokuqinisekiswa kokunikezelwa kwenkonzo yentlalo-ntle.
- Isikhokelo Esisayilwayo Solawulo Lwamahlakani kwiNtshona Koloni, kwiDSD. Esi sikhokelo sikhokela indlela isebe lePhondo elisebenzisana ngayo nothotho Lwamahlakani ekunikezeleni ngenkonzo yalo yentlalo-ntle neyophuhliso lolunttu.

### **5 Uhlahlelo Lwemeko Oluhlengahlengisiweyo**

#### **5.1 Ummandla woMsebenzi**

Uhlahlelo lobalo lweenkcukacha zika-2011 malunga nabantu abaseNtshona Koloni lubonakalisa imizila ephambili nobume babantu bephondo ekufuneka

luqwalaselwe kwisicwangciso seenkonzo samaqela abuthathaka kwiphondo phantsi kobume negunya nd zeSebe. Le mizila iquka ukwanda ngama-28,7% bomlinganiselo wabantu bephondo, ngokwanda kakhulu kwabo baneminyaka e-0-4 nengama-20-29. Ngo-2011, iNtshona Koloni inabantu abangama-5 822 734 xa kuthelekiswa nama-4 524 335 kuBalo luka-2001. Oku kuquka ukwanda ngama-28,7% kumlinganiselo wabantu ngo-2001 ukuya ku-2011. Oku kwanda kufuna kwandiswe uthungelwano Iweenkonzo ezibonelelwa liSebe ukuze kuncedwe abantu abanokudinga iinkonzo zophuhliso loluntu.

linkcukacha zoBalo luka-2011 zibonakalisa ukuba abantu nobume besini kwiphondo khange zitshintshe kakhulu phakathi kobalo Iwezihlandlo ezimbini. Noxa kunjalo, uhlahlelo Iwesi simo kungakufihla lula ukungalingani nobuthathaka obukhoyo. Umzekelo, ngokwesi, ngama-49% abantu abaye babalwa kuBalo ebebengamadoda, nama-51% ababhinqilyo. Noxa ubume ngokwesini kwiphondo kubonakala kuphantse ukulingana, olunye uhlahlelo Iwemiba efana nobume bentwelo-ngqesho nobume beentloko zamakhaya bubonakalisa ukungalingani obunokuba negalelo kubuthathaka bababhinqileyo kwiintlanga ezithile. Umzekelo, ngokomvuzo wamakhaya ngonyaka weentloko zamakhaya ngokwesini kwiphondo, amadoda amaninzi afumana umvuzo omninzi kunababhinqileyo. Ababhinqileyo ngabona baninzi kwizikhundla ezininzi zabafulana imivuzo ephantsi, ukusuka "kukungafumi mvuzo ukuya kumvuzo ngonyaka ophakathi kwama-R38 401 nama-R76 800", ngeli xesha amadoda ebonakalisa imivuzo ephezulu kunababhinqileyo. Malunga nobume bengqesho, uBalo luka-2011 lukwabonakalisa ukuba amadoda amaninzi (54.36%) baninzi kunababhinqileyo (45.64%) abasebenzayo. Ukongeza, uninzi Iwababhinqileyo (52%) abasebenzi kwaye ababhinqileyo ngabona (57.93%) kunamadoda (42.07%) abanegalelo kwezoqoqosho. Le miba inezinto ezirheshayo ekwazini kwababhinqileyo ukunika inkathalo kwiphondo uninzi Iwabo ngamabhinqa angenamadoda.

Malunga nokuhlahlelwa kweminyaka yabantu abakwiphondo, Ubalo luka-2011 lubonakalisa ukuba li-1 739 425 abantwana abaneminyaka e-0 neli-17 kwiphondo, nama-2 137 820 olutsha phakathi kwe-15 nama-34 iminyaka ubudala. Ngama-33,4% abantwana abangaphantsi kweminyaka eli-19, ngeli xesha bengama-36,7% ulutsha olukuluhlu Iwabo baneminyaka eli-15 ukuya kwengama-34 ubudala. Ngama-69,4%

abantu abakwiphondo abangaphantsi kweminyaka engama-40 ubudala. Eyona ndlela iphambili yobume bolutsha kubantu bephondo nokwanda kweqela elineminyaka e-0-4 kunye nabaneminyaka engama-20-29 phakathi loBalo olwenziwe kabini, lubonakalise ukwanda kweenkonzo zokukhusela abantwana, zee-ECD nezokupuhhliswa koLutsha.

Ukusasazwa kwabantu kwiphondo akutshintshi ukususela ngo-2011 aphi uninzi (lungama-64,2%) abantu abahlala kuMasipala oMbaxa waseKapa, kulandele iCape Winelands (nge-13,5%), i-Eden (nge-9,9%), iWest Coast (nge-6,7%) ne-Overberg (nge-4,4%). Umbindi weKaroo unabona bantu bambalwa aba-1,2%. Noxa uninzi lwabantu behlala kuMasipala oMbaxa waseKapa, utshintsho kwintlalo nokuphila kwabantu kunye neenzululwazi ngezifo kwimimandla engaphandle koMasipala ombaxa kufuneka kuqwaliaselwe xa kucwangcisa iinkonzo. linkcukacha ezifunyenweyo liCandelo loPhando kwiSebe ngeenjongo zokwenza iingxelo zokuhlala ngo-2012/13, zigxininise imizila ephazamisayo ekwandenit nasekukhuleni kwemingeni yentlalo enxulumene nemimandla eseziidolphini, ukuya kwiindawo ezipemaphandleni. Le mizila iquka ukwanda kwempatho-mbi ebantwaneni, ukusetyenziswa kakubi wkeziyobisi, ubugewu nolutsha olwaphula umthetho kwiindawo ezipemaphandleni.

Olunye utshintsho kubume babantu bephondo luqua ukwanda kwenani lamakhaya akwiphondo ngama-35,2% okanye ukusuka kwi-1 208 987 kuBalo luka-2001 ukuya kwama-634 001 kuBalo luka-2011. Okuxhalabisayo ngamakhaya amaninzi anqatyelwe zizibonelelo ezifunekayo eziza kwanela amalungu aloo makhaya. Umzekelo, ngo-2011, ukwanda kwezinga lentwelo-ngqesho kwiphondo ibingama-26,7% ngeli xesha i-13,3% yamakhaya achazwe njengalawo angenamvuzo kwaphela. Ukongeza, amakhaya amaninzi akanazo iziseko ezingundoqo ukubonelela amakhaya azo njengoko kubonakaliswe ukwanda koko ukusuka kwi-3,4% ukuya kwi-6,4% kuluhlu lweendawo zoogobityholo/zamatyotyombe angemva kwemizi kuBalo lwakutsha-nje. lintsapho ezininzi zikwanomthwalo omninzi wokudingeka kokukhathalelw, umzekelo, kuBalo luka-2011 kufunyaniswe ukuba li-10,4% labantu abakuloo makhaya ngabazukulwana.

---

Ubalo IwaseMzantsi Afrika (ngo-2013). Uphando lokuNyaneliswa koMsebenzi ngekota, kwiKota yesibini, ngo-2013. Ukukhutshwa kwamanani kwiPO211.

Ukongeza kutshintsho lwempilo yabantu, kufuneka kuqwalaselwe imizila yentlalo kumaqela abuthathaka neengcali kwezentlalo njengoko kuchazwe ngokucacileyo kwiinkqutyana zeSebe kolu xwebhu. Imizila ephambili nenxulumeneyo efuna ukuqwalaselwa ngokukodwa iquka ukwanda ngendlela ezinzieleyo kolwaphulo-mthetho ekuhlaleni kwiphondo, ingakumbi ulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi kunye nokwanda kweendidi ezahlukeneyo zolwaphulo-mthetho loluntu oluchaphazela ukukhuselwa nokhuseleko lwabahlali abakwiphondo. Okona kuxhalabisayo yimpatho-mbi kubantwana eyandayo kwiphondo okwandiswe bubuthathaka kwezentlalo nakwezoqoqosho kumakhaya abahlala khona abantwana abaninzi.

Okubonakalisa ubuthathaka babantwana, kokufunyaniswe kuBalo luka-2011 ukuba li-19 645 abantwana abafunyaniswe bephulukene nabo bobabini abazali umama notate wabo kwaye ngama-3 482 amakhaya aphantsi kolawulo lwabantwana kwiphondo. Inani labantwana abaphila besokola phantsi komvuzo ongekhoyo (amakhaya anemivuzo engaphantsi kwama-R575, 00 ngenyanga) kwiphondo – ngama-30,6% ngo-2010<sup>2</sup>, noko kufuneka kuqwalaselwe ukuze kuthintelwe ukungahoyeki kwabo nokukhuthaza uphuhliso lobunye nempilo entle yaba bantwana. Ukongeza, uPhando IwamaKhaya Jikelele luka-2010 lukwafumanise ukuba ngabantwana abali-12,4% kwiphondo ebebephila kumakhaya angenamntu umdala usebenzayo. Kufuneka baxhaswe aba bantwana baphila kumakhayaachazwa njenganendlala emandla – ebeli-15,8% ngo-2010.

Imizila yolwaphulo-mthetho nayo iyaxhalabisa iquka nama-287% yokwanda kokusetyenziswa kweziyobisi kwixesha eliphakathi kuka-Epreli ngo-2003 nangoMatshi ngo-2012 kwiphondo. Lo mzila uxhalabisa kakhulu ngenxa yonxulumanu phakathi kokusetyenziswa kakubi kweziyobisi nezinto ezimbi zentlalo ezahlukeneyo ezifana ubundlobongela kwiintsapho nasekuhlaleni kunye nempatho-mbu ebantwaneni. Ukongeza, ngo-2011/12, iNtshona Koloni ibinezinga eliphezulu kakhulu ikwindawo yesibini kuwo onke amaphondo ekubulaweni kwabantu nendawo yesibini yezinga eliphezulu lokuzama ukubulala nokubetha okuqhelekileyo. Iphondo ibinezinga eliphezulu ngokuxhatshazwa ngokwezesondo kuwo onke amaphondo nge-173,1 kwi-100 000. Ulwaphulo-mthetho olwenzeka ngokomgangatho womntu ngamnye

<sup>2</sup> Umlinganiselo wabantwana eMzantsi Afrika: ngo-2011/12 (ngo-2012). YiYunivesithi yaseKapa.

nangokwamakhaya, bubundlobongela emakhaya, lwande nge-18% (inani lezehlo ezichaziweyo) kwixesha lika-2007 ukuya ngo-2010 – ngo-2010, ngama-21 383 izehlo ezichaziweyo (eNtshona Koloni liSebe loPhuhliso loLuntu, ngo-2013). Le mizila iyaxhalabisa njengoko kukhangeleka kubonakalisa imizila eyandayo nesasazekayo nokuba kukho ungenelelo lokunikezelwa kweenkonzo. Kwinkqubo yesicwangciso-qhinga esitsha, uvavanyo olubanzi lokuphunyeza nokufaneleka komfuziselo wokunikezelwa kweenkonzo kwiSebe luyafuneka ukuze kuthintelwe kwaye kuncitshiswe ukuba oku kuphinde kwande neengxaki zentlalo kwiphondo. Okona kungakumbi, okanye kutyalwa kakhulu kumfuziselo wokunikezelwa kweenkonzo okhuthaza ukuphuculwa kwempilo, iindawo ezisebenza kakuhle, iintsapho nabantu kufuneka basebenzisane kwiinkonzo esele zibonelelwa liSebe. Ukongeza, utyalu ekudaleni umanyano ekuhlaleni nenkqubo yentsebenziswano ngobunye ekhuthaza isidimaNsomntu namalungelo abo bonke abahlali kwiphondo kufuneka kukhuthazwe.

## **5.2 Ummandla woBume beSebe**

Inkqubo yokwensiwa kweDSD ilungele la maxesha iqalwe ngo-2010 iqwalasel a ekutshintshweni kwemisebenzi yeSebe ukuqinisekisa ngokwanela nangempumelelo yokunikezelwa kweenkonzo. Oku kuquka ukwensiwa kobume besebe bulungele la maxesha; neenkqubo zesebe neze-ICT. La manyathelo axhasa ukuzalisekiswa kwamagunya anikwe isebe, ngokuba negalelo kwinjongo eCwangcisiweyo yePhondo ye-12, eyile, oyena rhulumente wommandla unolawulo olugqwesayo elizweni.

### **• Ubume beSebe**

Isikhundla seNtloko yeSebe asikabinamntu kwaye kucingelwa ukuba oko kuza kwenzeka kunyaka-mali ka-2014/15. UGqr. Robert MacDonald oko elibambela kwesi sikhundla ukususela ngoJanuwari ngo-2013.

Ubume becandelo leCFO elenziwe lalungela la maxesha liphuculwe nenkqubo yokususwa kwenye indawo usiwe kwenye iza kuggitywa kwaye imisebenzi ebalulekileyo iza kupapashwa kunyaka-mali ka-2014/15.

Kunyaka-mali ka-2013/14 ubume besebe kumaZiko okuKhathalela Abantwana noLutsha (iiCYCC) – Umgangatho wesi-3 nowesi-4 woNcedo oluKhuselekileyo buye bavunywa. Ubume obuvunyiweyo buhambelana nemigangatho emiselweyo

yesizwe kumaZiko okuKathalelw kaLutsha kwisizwe. Yenza amalungiselelo amaziko onyango olulodwa lokuvavanywa nokuzinziswa kwesimo sokuziphatha kolutsha esingekho sihle.

Umgaqo nomlinganiselo wesizwe koonontlalo-ntle bephondo ekunikezelweni kweenkonzo kuluntu kwiindawo zokuhlala ngu-1:4,500 wenani labemi. Ngokwesicwangciso Sophuhliso, eli Sebe liyakuqesha isiqingatha soonontlalo-ntle ze lincede esinye isiqingatha esikwiNPO ezinikezela iinkonzo zononophelo ezisekelwe ekuhlaleni. Ngokwesimo sesebe sangoku, siqeshe ama-588 oonontlalo-ntle esibahlawulayo kwii-ofizi zemimandla. Eli nani ke lisekelwe kwinani labemi bephondo njengoko lathi larekhodwa kuPhando Loluntu Ekuhlaleni luka-2007. Ngokusekelwe kuBalo luka-2011, iNtshona Koloni idinga izithuba zengqesho zoononontlalo-ntle ezili-1,294, ama-647 kuzo abe kwisikhokelo seDSD. Loo nto ke ithethe ukuba kuyakufuneka sisebenzele ukufumana inkxaso-mali yezinye izituba zengqesho ezingama-69 kwicandelo leeNPO.

Le theybhuli ingezantsi apha ichaza utyalo IweDSD kwizibonelelo zabasebenzi:

#### **Itheybhuli 1: Ingqesho Nezithuba Zengqesho**

Ingqesho nezithuba ngokweNkqubo, ukuza kuma ngomhla woku-1 kuFebruwari ngo- 2014				
Inkqubo	Ezifumana inkxaso-mali	Inani lezithuba ezizalisiweyo	Izinga lezithuba ezikhoyo	Inani lezithuba ezizalisiweyo ezongeziweyo kwiSebe
Inkqubo yoku-1: Ulawulo	492	350	29%	31
Inkqubo yesi-2: iNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu	917	930	-1%	108
Inkqubo yesi-3: Abantwana neentsapho	15	15	0%	2
Inkqubo yesi-4: linkonzo zoVuselelo	598	483	19%	37
Inkqubo yesi-5: Uphuhliso noPhando	23	17	23%	0
<b>Zizonke</b>	<b>2044</b>	<b>1795</b>	<b>12%</b>	<b>178<sup>3</sup></b>

<sup>379</sup> AbaneScholarship bayafakwa kwisebe ngokwentrakthi – Abanekhontrakthi basebenza ngokwezbophelelo zebhasari

**Ingqesho nezithuba ngokokuHlelwa kweMivuzo, ukuza kuma ngomhla woku-1 kuFebruwari ngo-2014**

<b>UkuHlelwa kweMivuzo</b>	<b>Ezifumana inkxaso-mali</b>	<b>Inani lezithuba ezizalisiweyo</b>	<b>Izinga lezithuba ezikhoyo</b>	<b>Inani lezithuba ezizalisiweyo ezongeziweyo kwiSebe</b>
Abanezakhono ezisezantsi (Umgangatho woku-1-2)	25	8	68%	17
Abanezakhono (Umgangatho wesi-3-5)	733	601	18%	31
Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (Umgangatho wesi-6-8)	937	853	9%	101
Abanezakhono eziphezulu zokuPhatha (Umgangatho we-9-12)	323	311	3%	28
Abalawuli abakwizikhundla eziPhezulu (Umgangatho we-13-16)	26	22	15%	1
<b>Zizonke</b>	<b>2044</b>	<b>1 795</b>	<b>12%</b>	<b>178<sup>4</sup></b>

- Ukufikeleleka Kweenkonzo**

Ukwensiwa kwezinto zilungele la maxesha kwenziwe kubume besebe aphi ii-ofisi zezithili ezili-16 ziye zatshintshelwa kwii-ofisi zoMmandla ezi-6 nee-ofisi zasekuhlaleni ezingama-45, bebonke abasebenzi abasuswe kwezinye iindawo basiwa kwezinye, loo nkubo yenzelwe ukuzisa iinkonzo kufutshane noluntu. Ngama-33 kwezingama-45 ii-ofisi zasekuhlaleni ezisebenza ngokupheleleyo. Ezi ofisi zokuhqanjiwa kweenkonzo zilandelayo zintsha zicetyelwe u-2015/2015: iClanwilliam (kumaspala waseCedarberg), iRetreat neFish Hoek (umaspala okumazantsi esixeko esimbaxa saseKapa), iCeres (umaspala iWitzenberg) kanye neBredasdorp (kumaspala weCape Agulhas). Zimbini ii-ofisi zemimandla eziyakususwa kwiindawo ezisebenzela kuzo zisiwe kwezinye izakhiwo ezintsha (isixeko esimbaxa esiseMpuma kanye ne-Eden Karoon).

- linkqubo ze-ICT**

Ukwensiwa izinto zilungele la maxesha ummandla weDSD ngokwezobuchwepheshwa uqalise ngokweprojekthi yeminyaka emine yokufundiswa ngeze-IT endaweni

<sup>4</sup> 79 AbaneScholarship bayafakwa kwisebe ngokwentrakthi – Abanekhontrakthi basebenza ngokwezbophelelo zebhasari

yezixhobo ebezikho ze-IT kwiSebe. Kwiminyaka emithatu edlulileyo iprojekthi yokufundiswa ngezinto iye yanatyiselwa kwezinye iindawo yagqitywa kwimimandla emithandathu. Undlunkulu weSebe namaziko zezona ndawo kuqwalaselwe kuzo kulo nyaka-mali (ngo-(2013/14). Oku kufundiswa kubangele ekwandeni kokusetyenziswa kobuChwepheshwa kwiiNkcukacha nakuNxibelewano (ICT) nokuphuculwa kwegama nelogi yesebe. Ukongeza, ii-ofisi zoMasipala ombaxa zinxulunyaniswa nothungelwano kwesiXeko. Le projekthi yoku kufundiswa iza kuphindwa kwimijikelo yeminyaka emine ukuze lonke iSebe libe nolwazi ngokomjikelo weminyaka emine.

I-DSD iza kubeka phambili uphuhliso lweenkubo ezi-4 ze-ICT kwixesha leMTEF:

**Ulawulo lokuQulathwe kwizinto ezifakwa kwiinkcukacha zeSebe – “MyContent”:**  
ISebe luza kwazisa ngokuqulathwe kwikhompyutha ngeefayile (uLiveLink) zeSebe ukuze kulawulwe amaxwebhu eSebe nokuqulathwe kuwo kunye neenkubo zesebe. Njengoko isebe liphumeza iinkqubo zomsebenzi okwikhompyutha kulindeleke ukuba kukho isidingo sezinye iinkqubo zesebe esiza kwandisa ukukhuthazwa nwempumelelo kwiSebe. Kulindeleke ukuba okuqulathwe kwikhompyutha ngeefayile kuhlanganiswe nezinye iinkqubo ezifana neSDIMS neNkqubo yeDayari yoMsebenzi weNtlalo.

**Inkqubo yeNkxaso-mali yeDSD:** I-Ce-I igqibogqiba uHlahlelo IweSebe olukumgangatho ophezulu kwiNkqubo yokuNika inkxaso kwiDSD kwaye iSebe liza kuqlisa ukuyifaka kwikhompyutha le nkqubo. Inkqubo entsha iza kwakhelwa kwiimodyuli ezizodwa kodwa ezihlanganisiwego kwiminyaka emininzi.

- **linkqubo Zoshishino**

Ngo-Epreli ngo-2012, iSebe lamkele iMbonakalo yokuPhengululwa koLawulo oluHlanganisiwego (CGRO) ngenjongo yokuphumeza umgangatho ophezulu wolawulo ngesigaba sexesha eliphakathi ukuya kwelide. Uphononongo neMbonakalo yoLawulo IwezeMali Iwangaphambili (FGRO) neenkubo zesiCwangciso sokuPhuculwa koLawulo IweMali (FMIP) ziye zapheliswa zadityaniswa kwisiCwangciso seMisebenzi yoLawulo (GAP) esilawulwa siqhutyelwe phambili ngamaGosa oCwangciso-mali. Injongo kukufumana uphicotho zincwadi olungenachaphaza, oluhambelana ngokupheleleyo (oluvumelana) nemithetho nemigaqo neenkubo zolawulo Iwangaphakathi oluchaziwego.

**Inkqubo yolawulo Iweenkcukacha zomsebenzi** iye yaphinda yaqwalaselwa ukuqinisekisa ukuba iinkcukacha ezifunyenweyo zithembekile kwaye ziqinisekisiwe kwaye iinkcukacha zigqibelele. Oku kubangele kolu tshintsho lulandelayo Iwenkqubo yolawulo lomsebenzi:

- Ukuncitthiswa kwenani nasekuphuculweni kwesalathisi soMsebenzi weeNkqubo ngo-2013/14. Izalathisi ezifana nezi ziza kusetyenziswa ngo-2014/15. Oku kuza kuphucula iinkcukacha zomsebenzi kweli xesha.
- Ukuphinda kuqwalaselwe inkqubo yomsebenzi osemgangathweni ngo-2012/13 kulawulo Iweenkcukacha nasekuvunyweni kwenkqubo yokuphumeza oku ngo-2013/14. Ukutshintshwa kwe-ofisi yoMmandla ngokubhekisele ekuqokelelweni kweenkcukacha zomsebenzi nasekuhlanganisweni kubhalwe oku nokuqinisekisa ukukhuselka kwee-ofisi zomsebenzi wentlalo-ntle yoLuntu nowenkqubo yophuhliso Iwentsebenziswano yoluntu.

Njengenxalenye yePSO 10 Iqela elisebenzayo le-Indaba yesiCwangciso soPhuhliso oluHlanganisiweyo (IDP), iSebe libe negalelo kwinjongo yonikezelelo Iweenkonzo lukarhulumente **oluhlanganisiweyo ngokujongana** nokwenziwa kwesiVumelwano seNtsebenziswano (MOAs) noomasipala besithili aba-4 (e-Eden, eWest Coast, eCape Winelands nakuMbindi weKaroo) nooMasipala basekuhlaleni aba-4 (eBergriver, eMatzikama, ePrince Albert naseKnysna). Kwezintandathu zezi zicwangciso zokuphunyezwa kwedrafti yezivumelwano zigqityiwe. Ngoku isebe lithatha inxaxheba ekusiweni kwamanye amaziko kwesiCwangciso soPhuhliso oluHlanganisiweyo loRhulumente wasekuhlaleni (IDP) nohlahlo Iwabiwo-mali olubandakanya ukuxhotyiswa kwabasebenzi beDSD kwi-IDP, ukuthatha inxaxheba kuwo onke amaQonga okuQuquzelela oku kwisiThili (iiDCF) kunye ne-IDP Indaba neenkqubo zovavanyo.

Ulwaphulo-mthetho olwenzeka lungqamane kanye nomntu ngokomgangatho wamakhaya, olufana nobundlobongela emakhaya, Iwande nge-18% ngo-2007 ukuya ngo-2010 – ngo-2010, ngamatyala angama-21 383 aye achazwa (yIDSD eNtshona Koloni, ngo-2013).

Kufuneka kuqatshelwe kwakho ukuba ulwaphulo-mthetho luyaqhube ka ukungachazwa, ngenxa yokuba abantu bengafuni kungathembeki eluntwini phakathi koluntu nee-arrhente ezinyanzela ukuthotyelwa komthetho ezifana namaPolisa aseMzantsi Afrika nenkonzo yezobulungisa kulwaphulo-mthetho. Noxa kulula ukukuqinisekisa oko, oku ngabikho kwentembeko ekuhlaleni nokungaphatheki kakuhle koluntu ngesimo sobundlobongela kwiindawo zabo bubungqina bomzekelo wokwanda koku (oko kubonakaliswe zizehlo zokufakwa itayara kwabantu entanyeni bebulawa kwiindawo esihlala kuzo kuMasipala oMbaxa waseKapa) nezinto ezinxulumene nobugewu kwiphondo. Ulutsha olungamadoda kwiphondo lukhangeleka lusemngciphekweni wokubandakanyeka kolu Iwaphulo-mthetho nokusekwa kwale migewu.

Xa kujongwa umgangatho ophezulu wobundlobongela eNtshona Koloni, inkubo yeVEP kufuneka yensiwe ibe banzi kuzokujongwa ukuxhatshazwa okwenzekayo ekuhlaleni, kumakhaya nasemntwini ngamnye, nokunye neentlobo zokuxhatshazwa ezikwizinga lokuqala nelesibini. Umzekelo, ingqalelo kufuneka ijongwe ngokweemo ezahlukeneyo zokuxhatshazwa okukhoyo ekuhlaleni abasoloko bezibona bekiwiimeko zokuba ngamaxhoba olwaphulo-mthetho, umzekelo, iiindawo ezinobugewu obumandla okanye apho kungekho kuthembeka ekuhlaleni phakathi kwabahlali nee-arrhente zokunyanzelisa komthetho.

Uphando Iwango-2012 IwamaXhoba oLwaphulo-mthetho lubonelele ngoko kufunyanisiweyo nangamava abahlali bephondo abangamaxhoba olaphulo-mthetho kumakhaya abo nakwiindawo abahlala kuzo, nokubangele kuloyiko ebantwini nokuzibona bengakhuselekanga. Uphando IwamaXhoba oLwaphulo-mthetho lukwafumanise umzekelo onokuthelekswa namanye amaphondo, iNTshona Koloni inomlinganiselo ophezulu wamakhaya, angama-44,1%, abafumanise ukuba ulwaphulo-mthetho Iwandile (Uphando IwamaXhoba

oLwaphulo-mthetho, luka-2012). Ukongeza, ngama-46,6% amakhaya akholelwa ukuba ulwaphulo-mthetho kwipropati lwandile ngeli xesha ama-82% amakhaya ekholelwa ukuba izidingo ezinxulumene neziyobisi bezingunobangela wolwaphulo-mthetho kwipropati.

Ngokobume besini kulwaphulo-mthetho, ngama-26,2% kuphela amakhaya aphantsi kwentloko engumama azibone ekhuselekile xa umntu ehamba yedwa ebusuku, ngeli xesha ama-30,3% ababhinqileyo bechaze ukuba abazivabekhululekile ukuhamba bodwa emini.

Inkubo yeVEP kufuneka iqaphele ngakumbi amaxhoba axhatshazwa ngokwesondo namaxhoba okubulawa kwabantu kwiphondo eliye lakwizinga eliphezulu lokuxhatshazwa ngokwesondo xa kuthelekiwa nawo onke amaphondo ngo-2011/12, nezinga eliphezulu kwindawo yesibini yokuzama ukubulala nokubetha okuqhelekileyo.

Inkubo kufuneka iqaphele ulwaphulo-mthetho kumntu ngamnye okanye ngokomgangatho wekhaya, ubundlobongela emakhaya obande nge-18% ngo-2007 ukuya ngo-2010 – ngo-2010, ngama-21 383 achaziweyo (liSebe loPhuhliso loLuntu eNtshona Koloni, ngo-2013).

Ngokwazisa ngeenkonzo zeVEP, ama-53,6% amakhaya aye azi ukuba asiwe phi amaxhoba obundlobongela ukuze afumane iinkonzo.

Ukuhlahlelwa kweenkcukacha eziphuma kumaPolisa aseMzantsi Afrika malunga nolwaphulo-mthetho olunxulumene nobundlobongela eNtshona Koloni, kuye kwaxhalabisu malunga nokusetyenziswa kweziyobisi kwiphondo. Kwixesa eliphakathi kuka-Epreli ngo-2003 noMatshi ngo-2012 ulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi lwande ngama-287%. Ngaphezu koko, ngo-2011, ulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi eNtshona lubalelwa kuma-44% bebonke kwisizwe. Kwangaxesha-nye, inani lamatyala achaziweyo labo basebenzisa iziyobisi notywala lande ngama-254%.

Uhlahlelo lweenkcukacha zonyanga kuThungelwano lokusetyenziswa kweziyobisi eMzantsi Afrika (SACENDU) ngo-2007 ukuya ngo-2012, lubonakalisa ukuba ekupheleni kuka-2012, owona mlinganiselo mkhulu wabo basebenzisa iinkonzo

(ngama-34%) ebebesebenza imethamphetamine njengesona siyobisi siphambili, kulandele utywala (ama-24%), icannabis (ngama-20%) neheroin (i-16%).

Malunga nezigulane ezingaphantsu kweminyaka engama-20, kwisiqingatha sesibini ngo-2012, owona mlinganiselo uphezulu wezigulane, bezisebenza isiyobisi secannabis (ingama-70%), kulandele imethamphetamine (i-18%). Ngaphezu koko, ziye zanda izigulane eziye zalaliswa ebezisebenza icannabis ukususela ekuqaleni kuka-2007. Kwelinje icala, umlinganiselo wezigulane ezisebenza unyango lwemethamphetamine lehlile ukususela ngo-2006, ukusuka kuma-50% ukuya kwi-18% ngo-2012. limfuno zokunyanga abasebenza iheroin zehlile kweli xesha linye.

## **Inkqutyan 4.1 ULawulo neNkxaso**

### **Injongo yeNkqutyan**

Ukuhlawula imivuzo neendleko zolawulo abasebenzi abakuLawulo neNkxaso babonelela ngeenkonzo kuzo zonke iinkqutyanas zale nkqubo

## **Inkqutyan 4. 2 Ukuthintelwa kolwaphulo-mthetho nenkxaso ekuhlaleni**

### **Injongo yeNkqutyan**

Ukwenza nokuphumeza iinkqubo zokuthintelwa ulwaphulo-mthetho nokubonelela ngeenkonzo zokulingwa ezijolise ebantwaneni, kulutsha nabantu abadala abophula umthetho namaxhoba enkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho.

### **Okuqwaleselwayo kwinkqubo**

Igunya lale nkqubo linikezelwe ngokomthetho weSizwe nowePhondo nezikhokelo zomgaqo-nkqubo ezifana neChild Justice Act, wama-75 ka-2008, iChildren's Act, wama-38 ka-2005, iProbation Services Act, we-116 ka-1991 nowama-35 ka-2005 (njengoko uhlonyelwe), uMgaqo-nkqubo wokuThintelwa koLwaphulo-mthetho ekuhlaleni, ka-1996 nesiCwangciso sokuThintelwa koLwaphulo-mthetho ekuhlaleni esihlanganisiweyo seSizwe, sika-2011. Le nkqubo ikwalawulwa ngokweMigaqo yeSizwe ngokugqwesa kwimisebenzi yezokulingwa eyenziwe ngokweSocial Services Professions Act, ka-1978, obonelela ngesakhelo nezikhokelo ezitsha zolawulo

Iweenkonzo zokuLingwa. Le nkqubo ikwanxulumene nePSO 8, ingakumbi iziphumo zoku-1, zesi-3 nezesi-5 nesiphumo seSizwe sesi-3.

- Inkqubo iza kuqinisekisa ngamalungiselelo eenkonzo ezihlanganisiwego nezibhekisele kubungqina zokuthintelwa kolwaphulo-mthetho nenkxaso ezinciphisa imiba esemngciphekweni nekhuthaza imiba yokhuseleko lwabantwana nolutsha abakwiindawo ezipsemngciphekweni omkhulu ukwenza babenamandla ngokupheleleyo kwaye babenoxanduva, bomelele kwaye babengabahlali abenza izinto zophuhliso.
- Inkqubo ijolise ekunciphiseni oku ngokubonelela ngoluhlu Iweenkonzo ezizodwa zokulingwa kubantu (abantwana nabantu abadala) abophula umthetho namaxhoba abo, ukuxhobisa abaxhamlayo ngezakhono ezikhuthaza ukomelela kwabo kwimiba yokuba semngciphekweni kulwaphulo-mthetho ekuhlaleni.
- Omnye umba ophambili ka-2014/15 iza kuba kukwandisa nokuqinisekisa ngeenkqubo ezithintela ulwaphulo-mthetho ekuhlaleni, kuqwalaselwa kwiinkqubo ezipsemngciphekweni ummandla wentlalo efanelekileyo nokujongana nonxulumano phakathi kokusetyenziswa kweziyobisi, ulwaphulo-mthetho nobundlobongela neendawo ezipsemngciphekweni ophezulu.
- Isebe liza kuhlola iimpembelelo zonikezeloo Iweenkonzo ngokuhlola inani labantwana abaye baphinde bone kwakunyaka omnye emva kokuba begqibe iinkqubo ezipbekisele ekuhlaleni kunye/okanye nakwiindawo zokuhlala.
- Isebe liza kuqwalaseloo ukuncitshiswa oku ngokuthelekisa nokuhlola onke amanani anxulumeke nokutshintsha kwezalathisi ezipjonga iimpembelelo zeenkonzo.

<b>Injongo eCwangcisiweyo</b>	Ukunciphisa ukusoloko umntu esona ngokweenkonzo zokulingwa ezisebenzayo kubo bonke abantwana ababuthathaka nabantu abadala ngoMatshi ngo-2015.
<b>Ingxelo enenjongo</b>	Ukunciphisa ubungakanani babo basoloko besona nobuthathaka kulwaphulo-mthetho ngokubonelela ngeenkonzo zasengqondweni nezentlalo nezimisewi ngokomthetho kubantwana, kulutsha nabantu abadala abophula umthetho namaxhoba enkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho goMatshi ngo-2015 kumaxhoba angali-17 830
<b>Isiseko</b>	Inani labantwana nabantu abadala abaxhamlayo kwiiinkonzo zenxaso kulwaphulo-mthetho ekuhlaleni ngonyaka: 17 580
<b>Isizathu</b>	Le njongo ihambelana neChild Justice Act yama-75 ka-2008, iChildren's Act, yama-38 ka-2005, iProbation Services Act, nesiCwangciso seSizwe esiyiDrafti sokuThintelwa koLwaphulo-mthetho ekuhlaleni kwaye iza kuba negalelo lokunciphisa inani labantwana abakwinkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho.
<b>Unxulumano</b>	<p>Inxulumene <b>nenjongo ecwangcisiweyo:</b> inxulumene nenjongo 'Ukwenza uluntu olukhathalayo'</p> <p>Inxulumene <b>neziphumo zeSizwe:</b> 'Ukwakha ilizwe elikhuselekileyo,' kunye 'Nokudala uMzantsi Afrika ongcono, i-Afrika engcono nelizwe elingcono.' Okona kuqwalaselwayo kule nkqubo yesebe kukuThintelwa koLwaphulo-mthetho ekuhlaleni neenkonzo ezimisewi ngokomthetho, njengoko ulawulwa yiChild Justice Act neProbation Services Act. Iza kuba negalelo ekunciphiseni inani labantwana nabantu abadala abakwinkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho kuhuculwe negalelo ekomeleleni nasephuhlisweni kakuhle kwabantwana neentsapho.</p> <p><b>Inxulumene nePSO 8:</b> 'Ukukhuthaza ukubandakanywa koluntu nokuncitshiswa kwentlupheko.' <b>Isiphumo sesi-3:</b> 'Bonke abemi baseMzantsi Afrika bazive behkululekile behkuselekile' nePSO 5:"ukunciphisa uwaphulo-mthetho".</p>

<b>Injongo eCwangcisiweyo</b>	<b>Isalathisi somsebenzi wenjongo ecwangcisiweyo</b>	<b>Isicwangciso-qhingga ekujoliswe kuso</b>	<b>Ophicothiweyo/Owona msebenzi</b>			<b>Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14</b>	<b>Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi</b>		
			<b>2010/11</b>	<b>2011/12</b>	<b>2012/13</b>		<b>2014/15</b>	<b>2015/16</b>	<b>2016/17</b>
Ukunciphisa ukusoloko umntu esona ngokweenkonzo zokulingwa ezisebenzayo kubo bonke abantwana ababuthathaka nabantu abadala ngoMatshi ngo-2015.	Inani labantwana nabantu abadala abaxhamlayo kungenelalo lokunciphisa ukusoloko umntu esona <sup>55</sup>	17 830	22 000	21 515	8 978 <sup>56</sup>	17 580 <sup>57</sup>	17 830	17 800	17 900

<sup>55</sup>Isalathisi seNjongo eCwangcisiweyo kunye nook kujoliswe kuko kwisiCwangciso-qhingga siye satshintsha ngenxayoThe Strategic Objective Performance inuba izalathisi ezikhoyo bezingabonakalisi iinkonzo zokumanya nezenxaso kulwaphulo-mthetho.

<sup>56</sup>Ingxelo yonyaka ka-2012/13 ibonakalisa ukuba ayizizo zonke iinkcukacha zomsebenzi ebezinokuqinisekiswa.

<sup>57</sup>Lo msebenzi ubhekisele kwezona nkcukacha ziqinisekisiweyo zeekota ezintathu zokuqala ngo-2013/14.

## ISALATHISI SOMSEBENZI WAMACANDELO

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
	2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/16	2016/17
Inani labantwana abophula umthetho abahlolwayo	10 572	7 156	5 549 <sup>58</sup>	8 600 <sup>59</sup>	8 685	8 750	8 800
Inani labantwana abophula umthetho abalinde/ekuza kuxoxwa amatyala abo abakumaziko oNcedo oluKhuselekileyo	2 620	2 105	1 781	1 914	1 914	1 914	1 914
Inani labantwana abophula umthetho abasiwa kwiinkqubo zokubatshintsha	-	-	790 <sup>60</sup>	4 447 <sup>61</sup>	4 500	4 700	4 800
Inani labantwana abophula umthetho abaggibe iinkqubo zokubatshintsha	2 417	6 000	1 166	2 826 <sup>62</sup>	2 900	2 950	3 000

## Uhlahlelo ngekota

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	UKUNXULUMANISA II-PSO	Ixesha lokunika iingxelo	Ekujoliswe kuko ngonyaka 2014/15	Ekujoliswe kuko ngekota				Liényuka / Alenyuki
				Eyoku-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4	
Inani labantwana abophula umthetho abahlolwayo	Yesi-5 neyesi-8	Ngekota	8 685	2 171	2 171	2 171	2 172	C
Inani labantwana abophula umthetho abalinde/ekuza kuxoxwa amatyala abo abakumaziko oNcedo oluKhuselekileyo	Yesi-5 neyesi-8	Ngekota	1 914	478	478	479	479	C
Inani labantwana abophula umthetho abasiwa kwiinkqubo zokubatshintsha	Yesi-5 neyesi-8	Ngekota	4 500	1 125	1 125	1 125	1 125	C
Inani labantwana abophula umthetho abaggibe iinkqubo zokubatshintsha	Yesi-5 neyesi-8	Ngekota	2 900	725	725	725	725	C

<sup>58</sup>Oku kungenxa yemingeni eqinisekisiweyo njengoko ibingeziro zonke iinkukacha ebezinokuqunisekiswa

<sup>59</sup>Oku kujoliswe kuko kubhekisele kwezona nkukacha ziqinisekisiweyo zeekota ezintathu zokuqala ngo-2013/14.

<sup>60</sup>Oku kungenxa yemingeni eqinisekisiweyo njengoko ibingeziro zonke iinkukacha ebezinokuqunisekiswa

<sup>61</sup>Oku kujoliswe kuko kubhekisele kwezona nkukacha ziqinisekisiweyo zeekota ezintathu zokuqala ngo-2013/14.

<sup>62</sup>Oku kujoliswe kuko kubhekisele kwezona nkukacha ziqinisekisiweyo zeekota ezintathu zokuqala ngo-2013/14.

## ISALATHISI SOMSEBENZI WEPHONDO

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	Ophicothiweyo/Owona Msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
	2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/16	2016/17
Inani labantwana abophula umthetho abatshintshwayo	1 745	5 263	1 776 <sup>63</sup>	8 980 <sup>64</sup>	9 000	9 050	9 100
Inani labantwana abophula umthetho abaggibe iinkqubo zotshintsho	-	Isalathisi esitsha	1 096	5 850 <sup>65</sup>	5 890	6 500	7 500
Inani labantwana abadinga unonophelo nokhuseleko abafakwe kumaziko ngokwemigaqo yomthetho iChildren's Act kumaziko esebe nawangaphandle	-	-	-	-	145	145	145

### Uhlahlelo ngekota

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	UKUNXULUMANISA II-PSO	Ixesa lokunika iingxelo	Ekujoliswe kuko ngonyaka 2014/15	Ekujoliswe kuko ngekota				Liyenyuka / Alenyuki
				Eyoku-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4	
Inani labantwana abophula umthetho abatshintshwayo	Yesi-5 neyesi-8	Ngekota	9 000	2 250	2 250	2 250	2 250	C
Inani labantwana abophula umthetho abaggibe iinkqubo zotshintsho	Yesi-5 neyesi-8	Ngekota	5 890	1 472	1 472	1 473	5 890	C
Inani labantwana abadinga unonophelo nokhuseleko abafakwe kumaziko ngokwemigaqo yomthetho iChildren's Act kumaziko esebe nawangaphandle	Yesi-8	Ngekota	145	100	15	15	15	C

<sup>63</sup> Ingxelo yoNyaka ka-2012/13 ibonakalisa ukuba zonke iinkcukacha zomsebenzi azinakuqinisekiswa. Ekujoliswe kuko ngo -2014/15 kubhekisele kokuphunyeziweyo okuchaziweyo kodwa kungaqinisekiswanga.

<sup>64</sup> Lo msebenzi ubhekisele kwezona nkukacha ziqinisekisiweyo zeekota zokuqala ezintathu ngo-2013/14.

<sup>65</sup> Lo msebenzi ubhekisele kwezona nkukacha ziqinisekisiweyo zeekota zokuqala ezintathu ngo-2013/14.

## **4. 3 UkuXhotyiswa kwamaXhoba**

### **Injongo yeNkqutya**

Ukuyila nokuphumeza iinkqubo neenkonzo ezihlanganisiweyo ukuxhasa, ukukhathalela nokuxhobisa amaxhoba obundlobongela nolwaphulo-mthetho ingakumbi ababinqileyo nabantwana.

### **Okuqwaleselwayo kwinkqubo**

Onke amaxhoba obundlobongela nawolwaphulo-mthetho kuquka neentsapho zaho zinelungelo lokufikelela kwiinkonzo. Ngaphambili oku bekuqwaleselwayo kwinkqubo ngamaxhoba obundlobongela emakhaya, ukuxhatshazwa ngokwesondo nokudlwengulwa. Ukudingeka kweenkonzo kuninzi kwaye kubanzi kunolo luhlu beluchazwe ngaphambili. Ngenxa yesi sizathu, izicwangciso zenkqubo ukuqhubela phambili iinkonzo ezihlanganisiweyo ukuxhasa onke amaxhoba, kwixesha leMTEF.

- Inkqubo ijolise ekuzinziseni iindawo ezikhoyo yokufihla intloko nokukhuthaza umgangatho weenkonzo kumaxhoba olwaphulo-mthetho; kuqwaleselwa ekuxhobiseni iindawo zokufihla intloko ngokuhambelana nemigangatho emiselwego.
- Unglelelo loqequesho ngokuxhotyiswa kwabo bonke abasebenzi beDSD nabasebenzi abakwiNPO ezifumana inkxaso-mali luza kuqhubeka ngenjongo yokukhuthaza umgangatho weenkonzo.
- Ubundlobongela obubhekisele kwisino kuhleli kuhlasela iindawo ezesemngciphekweni omkhulu nenani labonayo liyanda. Ukuphelisa oku, ulutsha, kuquka ulutsha olukhubazekileyo ekuhlaleni kuza kujoliswa kulo kwaye lwaziswe ngeenkqubo zokuthintelwa kobundlobongela obubhekisele kwisini.
- Igalelo nokuthatha inxaxheba kunikeyelo lweenkonzo kumaxhoba okuqweqwediswa kwabantu ngokuhambelo nomthetho iPrevention and Combatting of Trafficking in Persons Act (uMthetho wesi-7 ka-2013) ngokweenkonzo zokubuyiselwa kwezimo nezokuthintela
- Ukuquzelela uphuhliso lwezakhono ngentsebenziswano neSebe leMicimbi yezoQoqosho nelezoKhenketho neCandelo lethu eliKhulu loPhuhliso loLuntu nababoneleli beenkonzo abafanelekileyo

- Ukwandisa, ukukhuthaza nokusela iinkonzo zokuxhasa amaxhobakumaxhoba olwaphulo-mthetho nawobundlobongela kwiindawo ezesemaphandleni kwiPhondo leNtshona Koloni.
- iinkonzo zokuxhaswa kwamaxhoba kwii-ofisi zasekuhlaleni zeDSD kuqukwa oku kulandelayo:
  - iinkonzo zokuxhaswa kwamaxhoba kwiinkundla zezenzo zezesondo (eWynberg and Khayelitsha)
  - Uhlolo lweempembelelo kumaxhoba
  - Ungenelelo kwiingxaki, ungenelelo kwezonyango, uhlolo, ukugqithiselwa nokuthintelwa.

<b>Injongo eCwangcisiweyo</b>	Onke amaxhoba obundlobongela kugxininiwa ngakumbi kwababhinqileyo nabantwana abafikelela kuluhlu lweenkonzo.
<b>Ingxelo enenjongo</b>	Ukuba negalelo lokuxhobisa amaxhoba ali-17 566 obundlobongela emakhaya nokunciphisa umngcipheko wokuxhatshazwa ngokwesondo nokubethwa ngokuqinisekisa ukufikelela kwabo kuluhlu lweenkonzo, kufikelewa kumaxhoba ali-17 266 kunyaka ophela ngoMatshi ngo-2015.
<b>Isiseko</b>	Inani lamaxhoba afumana iinkonzo neenkubo zenxaso ezikhuthaza ukuXhotyiswa kwamaXhoba : 16 400
<b>Isizathu</b>	UkuXhotyiswa kwamaXhoba yenyе yeentsika eziphambili zesiCwangciso sokuThintelwa koLwaphulo-mthetho seSizwe esenziwe ngo-1996. IsiCwangciso sokuSebenza seSizwe sokuXhotyiswa kwamaXhosa sivunywe ngo-1998. iinkonzo ezinceda amaxhoba ziyabonelelwa ngabaninzi abadlala indima, kurhulumente nabangekho kurhulumente.  Ngoku iinkonzo azilingani ingakumbi kuluntu oluhlelelekileyo nolukwiindawo ezesemaphandleni. Indlela engahlanganiswanga nengalungelewaniswangakunikezelo lweenkonzo lunegalelo ekubeni umntu afumane ukuxhatshazwa kwakho. I-DSD lilo isebe elikhokela nelinoxanduva lokuquuzelela ukuphunyezwa ngempumelelo kweNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhosa kumasebe ohlukaneyo
<b>Unxulumano</b>	Le njongo inxulumene nenjongo ecwangcisiweyo yeDSD 3: "Ukwenza uluntu lube nenkathalo ngokweenkonzo zophuhliso zentlalo-ntle yoLuntu" ngokuxhonisa nokuwabonelela ngamathuba okupuhhla, nokukhuthaza ukwazisa ngempatho-mbi kwababhinqileyo nakubantwana, ikwanxulumene nePSO 5: "Ukwandisa ukhuseleko", IPSO 8: "Ukukhuthazwa ukuBandakanywa koLuntu nokuNcithiswa kweNtlupheko", Isiphumo seSizwe sesi-3: "Bonke abantu baseMzantsi Afrika bakhuselekile kwaye baziva bekhuselekile" nesiphumo seSizwe se-11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nonegalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwilizwe elingcono".  Injongo ikwanxulumene nesiCwangciso sokuThintelwa koLwaphulo-mthetho seSizwe nombono wesebe ukwenza uluntu olukwazi ukuzimela.

Injongo eCwangcisiweyo	Isalathisi somsebenzi wenjongo ecwangcisiweyo	Isicwangciso-qhinga ekujoliswe kuso	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
			2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/16	2016/17
Onke amaxhoba obundlobongela kugxininiwa ngakumbi kwababhinqileyo nabantwana abafikelela kuluhlu lweenkonzo.	Inani lamaxhoba afumana iinkonzo neenkubo zenkxaso ezikhuthaza ukuXhotyiswa kwamaXhosa	17 566	20 232	38 798 <sup>66</sup>	26 212	16 400 <sup>67</sup>	17 266	17 666	18 066

## ISALATHISI SOMSEBENZI WAMACANDELO

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
	2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/16	2016/17
Inani lamaxhoba olwaphulo-mthetho nawobundlobongela kwiindawo zeenkonzo ze-VEP ezifumana inkxaso-mali	2 832	5 860 <sup>68</sup>	25 775	14 600	15 166 <sup>69</sup>	15 266	15 366
Inani lamaxhoba olwaphulo-mthetho nawobundlobongela afumana inkxaso ngezengqondo nangezentlalo	N/A	N/A	N/A	N/A	N/A	N/A	N/A

## Uhlahlelo ngekota

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	UKUNXULUMANISA II-PSO	Ixesa lokunika iingxelo	Ekujoliswe kuko ngonyaka 2014/15	Ekujoliswe kuko ngekota				Liyenyuka / Alenyuki
				Eyoku-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4	
Inani lamaxhoba olwaphulo-mthetho nawobundlobongela kwiindawo zeenkonzo ze-VEP ezifumana inkxaso-mali	5 nelesi-8	Ngekota	15 166	3 791	3 792	3 792	3 791	C
Inani lamaxhoba olwaphulo-mthetho nawobundlobongela afumana inkxaso ngezengqondo nangezentlalo	N/A	N/A	N/A	N/A	N/A	N/A	N/A	N/A

<sup>66</sup> Umahluko ngenxa yenani eliphezulu lokuthatha inxaxheba kolutsha kwiinkqubo zokwazisa uluntu ezibhekisele kwisini kwiNdebe yeHlabathi yeSoka ngo-2010.

<sup>67</sup> Le nkondo inikezelwa kuphela ziINPO

<sup>68</sup> Eli nani libonakalisa inani lamaxhoba akwiindawo zakufihla intloko. Ukusebenza ngokuggithisileyo ngo-2012/13 kungenxa yezinye iiNPO ezichaze ngeziphumo ezingafakwanga kwiTPA

<sup>69</sup> Ukwanda kweenkonzo kwiindawo zasemaphandleni ezifana neWest Coast, i-Overberg ne-Eden Karoo

## ISALATHISI SOMSEBENZI WEPHONDO

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
	2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/16	2016/17
Inani lamalungu eengcali zomsebenzi wentlalo agqibe iiNkqubo zokuxhotyiswa kwiinkqubo zokuXhotyiswa kwamaxhoba nakwiinkonzo zokuxhaswa kweVEP (kwii-ofisi zasekuhlaleni zeDSD nemibutho yeenkonzo ezifumana inkxaso-mali)	-	-	Isalathisi esitsha	300	310	300	300
Inani lolutsha olugqibe inkqubo yokuthintelwa kobundlobongela ebhekisele kwisini	Isalathisi esitsha	300	199	1 800 <sup>70</sup>	2 100 <sup>71</sup>	2 400	2 700

### Uhlahlelo ngekota

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	UKUNXULUMANISA II-PSO	Ixesha lokunika iingxelo	Ekujoliswe kuko ngonyaka 2014/15	Ekujoliswe kuko ngekota				Liyenuka / Alenyuki
				Eyoku-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4	
Inani lamalungu eengcali zomsebenzi wentlalo agqibe iiNkqubo zokuxhotyiswa kwiinkonzo zokuxhaswa kweVEP (kwii-ofisi zasekuhlaleni zeDSD nemibutho yeenkonzo ezifumana inkxaso-mali)	5 & 8	Ngonyaka	310	-	-	-	300	N/C
Inani lolutsha olugqibe inkqubo yokuthintelwa kobundlobongela ebhekisele kwisini	5 & 8	Ngekota	2 100	300	750	750	300	C

### Inkqutyana 4. 4 Ukusetyenziswa kakubi kweziyobisi, ukuthintelwa nokubuyiselwa kwisimo sangaphambili

#### Injongo yeNkqutyana

Ukuyila nokuphumeza iinkonzo ezhlangeneyo malunga nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi: ukuthintelwa nokubuyiselwa kwisimo sanaphambili.

<sup>70</sup> liTPA ziye zafakwa kwiiNPO ukuze zenze oku

<sup>71</sup>Ukwanda kweenkonzo kwiindawo zasemaphandleni ezifana neWest Coast, i-Overberg ne-Eden Karoo kunte neendawo ezisezidolphini ezssemngciphekweni (iMetro South, i-Ocean View neMasiphumelele)

## **Okuqwalaselwayo kwinkqubo**

Imiba ephambili ecwangcisiweyo kule nkqubo iza kuba kukuqwalasela iinkqubo zokwazisa, zokungenelela kwangethuba, ezo zimiselwe ngokomthetho nezenkxaso yokubakhathalela kamva ekuza kujongwana nazi ngendlela ehlangeneyo neququzelweyo neSebe lezeMfundu<sup>72</sup> nelezeMpilo kune neeKomiti zeeNtshukumo ezenziwayo ngeziYobisi ekuhlaleni zamaGunya asekuhlaleni. Le ndlela iza kuquka ukuhlanganiswa ngaphakathi nezinye iinkqubo eziphambili zesebe kuqwalaselwa ngakumbi kwiintsapho nabakhubazekileyo nokuthintelwa kolwaphulo-mthetho ekuhlaleni.

Okuqwalaselwayo kulo nyaka ongaphambili kuza kuqhubeka kujongwa ixabiso lemali, ukuhlanganiswa ngapohakathi, ulungelelwaniso nekusetyenziswana nabo, ukubekwa emgangathweni kwezenzo zobugcinsa nezolawulo kune nokuhlolwa kweziphumo. linkqubo zotshintsho ziza komelezwa neCandelo lokuThintelwa kolwaphulo-mthetho ekuhlaleni njengendlela yokungenelela kulutsha olusemngciphekweni.

Okuza kuqwalaselwa yiDSD iza kuba koku:

- Ukwandisa imfundu yeFAS ngentsebenziswano nekusetyenziswana nabo kwizicwangciso ezithile abagqwesayo kummandla weFAS.
- Ukuqhubeka kwezfundo ezivuniyewo zabenza izifundo zabo bangekabinasidanga nabanesidanga nokufumaneka koLuhlu IweziBonelelo zabasebenzisa iziyobisi ngokubhekisele kwiwebhu.
- Ukwandiswa kweenkqubo zonyango olubhekisele eluntwnini kuqwalaselwa kwiindawo ezsemaphandleni.
- Ukwandiswa kweenkonzo ezizodwa zongenelelo lonyango nolufutshane lwabantwana nabafikisayo.

---

<sup>72</sup> Ukwenza kubekho intsingiselo yokufundisa ngeziyobisi notywala kwiSiseko seNCS ezifanelekileyo (Imigangatho yeKharityhulam yeSizwe), iimodyuli zekharityhulami zokufundiswa ngobomi kumaBakala asezantsi nele-11.

Unyango lwabafumana iinkonzo nenkxaso kumaziko onyango abo basebenzisa iziyobisi luza kuqhubeka ukuqwaliasela ukufikelela kweenkonzo, ingakumbi ngokwandisewa koncedo kwabo bangalaliswanga. Iinkqubo zokubakhathalela kamva nezongenelelo lwangaphambili nalo luza kwandisewa.

<b>Injongo eCwangcisiweyo</b>	Ukuphucula ukuthelekisa phakathi kweemfuno zeenkonzo zokusetyenziswa kweziyobisi kubantu, kwiintsapho nakuluntu nokubonelelwa kweenkonzo lisebe, nokuphucula iziphumo zizonke zeenkonzo
<b>Ingxelo enenjongo</b>	Ukuphucula ukuthelekisa phakathi kweemfuno zeenkonzo zokusetyenziswa kweziyobisi kubantu, kwiintsapho nakuluntu nokubonelelwa kweenkonzo lisebe, nokuphucula iziphumo zizonke zonyango nezongenelelo ngokuhambelana nomthetho wokusetyenziswa kweziyobisi nesiCwangciso sokusetyenziswa kweziyobisi kwiPhondo ngoMatshi ngo-2015 kwabaxhamlayo abali-10 860.
<b>Isiseko</b>	Inani labafumana iinkonzo abafikelela kwiinkonzo zokusetyenziswa kweziyobisi: 10 035
<b>Isizathu</b>	Injongo iza kuba negalelolokufikeleka lula kwiinkonzo kuncitshiswa iimpembelelo zokusetyenziswa kweziyobisi kwiintsapho. Ukomeleza ubomi beentsapho. Iza kwandisewa ukufikelela kwiinkonzo zonyango nokuthintela ukusetyenziswa kweziyobisi ingakumbi kulutsha.
<b>Unxulumanu</b>	Iza komeleza iintsapho, kuncitshiswe umthwalo wezifo onegalelo ekukhathalelwani koluntu nokunciphisa imiqobo yokuphucula iziphumo zemfundo ngokunciphisa ukuphazamiseka ezikolweni.  Le njongo inxulumene nePSO 4: "Ukwandisa iMpilo" nePSO 8: "Ukukhuthazwa ukuBandakanywa koLuntu nokuNcitshiswa kweNtlupheko" nenjongo ecwangcisiweyo yesi-3 yeDSD: "Ukwenza uluntu lube nenkathalo ngokweenkonzo zophuhliso zentlalo-ntle yoLuntu". Ikwanxulumene neSiphumo seSizwe sesi-2: "Ubomi obude nobusempilweni kuye wonke umntu waseMzantsi Afrika".  Olunye unxulumanu: Injongo inxulumene ngqo neSubstance Abuse Act ka-2008. Ukufikelela kwiinkonzo zokusetyenziswa kweziyobisi kwiinkonzo zokusetyenziswa kweziyobisi koluntobisi koluntu, kweentsapho noluntu, ekusetu, kweentsapho noluntu, ekusetyenziswana nabo kwiNkqubo yokuSetyenziswa kweziyobisi kuzo zonke iinkqubo zesebe, zecandelo leNGO , amanye amasebe karhulumente nabasemagunyen'i ekuhlaneni.

<b>Injongo eCwangcisiweyo</b>	<b>Isalathisi somsebenzi wenjongo ecwangcisiweyo</b>	<b>Isicwangciso-qhinga ekujoliswe kuso</b>	<b>Ophicothiweyo/Owona msebenzi</b>			<b>Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14</b>	<b>Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi</b>		
			<b>2010/11</b>	<b>2011/12</b>	<b>2012/13</b>		<b>2014/15</b>	<b>2015/16</b>	<b>2016/17</b>
Ukuphucula ukuthelekisa phakathi kweemfuno zeenkonzo zokusetyenziswa kweziyobisi kubantu, kwiintsapho nakuluntu nokubonelelwa kweenkonzo lisebe, nokuphucula iziphumo zizonke	Inani labafumana iinkonzo abafikelela kwiinkonzo zokusetyenziswa kweziyobisi	10 860	43 901	45 303	10 157	10 035 <sup>73</sup>	10 860	10 950	11 050

<sup>73</sup>Eli nani lijuka inani labasebenzisa iinkonzo abafikelela kumaziko onyango lwezigulane ezikwialidawo zoluntu namaziko onyango eenkonzo ezifunyenwe kwezinye iindawo. Iinkonzo zongenelelo kwangethuba ziye zandiswa nezithuba zeebhedi ziye zandiswa.

## ISALATHISI SOMSEBENZI WAMACANDELO

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
	2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/16	2016/17
Inani labantwana abaneminyaka eli-18 nangaphantsi ekufikelelwa kubo ngokweenkqubo zokuthintelwa kweziyobisi	-	-	-	N/A	N/A	N/A	N/A
Inani lolutsha oluphakathi kweminyaka eli-19 nengama-35 ekufikelelwa kubo ngokweenkqubo zokuthintelwa kweziyobisi	-	-	Isalathisi esitsha	N/A	N/A	N/A	N/A
Inani labo basebenzisa iinkonzo abafikelele kwiinkonzo zabalalisiweyo kumaziko onyango afumana inkxaso-mali	-	-	Isalathisi esitsha	N/A	N/A	N/A	N/A
Inani labo basebenzisa iinkonzo abafikelele kwiinkonzo zabangalaliswanga zonyango	-	-	-	N/A	N/A	N/A	N/A

## IZALATHISI ZOMSEBENZI WEPHONDO

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
	2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/2016	2016/17
Inani lenkqubo zokuthintela iziyobisi eziphunyeziweyo zolutsha (19-35)			Isalathisi esitsha	4	4	4	4
Inani labasebenzisa iinkonzo abaggibe iinkonzo zokunyangwa kwabo balalisiweyo abakumaziko onyango afumana inkxaso-mali kwanalawo esebe onyango	-	-	Isalathisi esitsha	676	1411	1420	1420
Inani labo basebenzisa iinkonzo abafikelele kwiinkonzo zabangalaliswanga zonyango	-	-	Isalathisi esitsha	3 044	3 469 <sup>74</sup>	3 500	3 550
Inani labafumana iinkonzo zokungenelela kwangethuba kwabo basebenzisa iziyonbisi*	5 030	5 440	3 751 <sup>75</sup>	6 315 <sup>76</sup>	6 700	6 750	6 800
Inani labafumana iinkonzo zokukhathalelw kamva nezokupohinda bahlanganiswe noluntu kwabo bafumana iinkonzo	3 400	3 490	1 699	3 408 <sup>77</sup>	3 408	3 408	3 408

<sup>74</sup>linkonzo zandiselwe kwiindawo ezssemaphandleni neprojekthi engumalathi ndlela nenkqubo yokuxhasa ngemali apha kukho izikhewu

<sup>75</sup>Kwingxelo yonyaka ka-2012/13 esi salathisi sahlulwe kabini, oko kukuthi: Inani labafumana iinkonzo zokungenelela kwangethuba ezsuka kwiDSD nenani labafumana iinkonzo zokungenelela kwangethuba ezsuka kwiNPO ezihaswa yiDSD

<sup>76</sup>Ukwanda komsebenzi ngenxa yokwanda kweenkonzo kwii-ofisi zasekuhlaleni zeDSD neenkonzo zeeNPO

<sup>77</sup>Inani libhekisele kumsebenzi oqinisekisiweyo oqikelelwayo kwiikota ezi-3 ngo-2013/14

## Uhlahlelo ngekota

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	UKUNXULUMANISA II-PSO	Ixesha lokunika iingxelo	Ekujoliswe kuko ngonyaka 2014/15	Uhlahlelo ngekota				Liyenuka / Alenyuki
				Eyesi-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4	
Inani lenkqubo zokuthintela iziyobisi eziphunyeziweyo zolutsha (19-35)	8	Ngekota	4	4	4	4	4	N/C
Inani labasebenzisa iinkonzo abaggibe iinkonzo zokunyangwa kwabo balalisiweyo abakumaziko onyango afumana inkxaso-mali nalawo esebe anikezela ngonyango	8	Quarterly	1 411	331	360	360	360	C
Inani labo basebenzisa iinkonzo abafikelele kwiinkonzo zabangalaliswanga zonyango	8	Ngekota	3 469	867	867	867	868	C
Inani labafumana iinkonzo zokungenelela kwanethuba kwabo basebenzisa iziyonbisi*	8	Ngekota	6 700	1 675	1 675	1 675	1 675	C
Inani labafumana iinkonzo zokukhathalelw kamvanezokupohinda bahlanganiswe noluntu kwabo bafumana iinkonzo		Ngekota	3 408	852	852	852	852	C

## 10.1 ULAWULO LOKUSEMNGCIPHEKWENI KWINKQUBO 4

Imingcipheko	Ukuncitshiswa koMngcipheko
Umngcipheko ophezulu wokuba bonke abantwana ababanjiweyo abathunyelwa kwiDSD ukuze bahlolwe, njengoko kugunyazisiwe yiChild Justice Act.	<p>Ukwenza iiprojekthi ezingumalathi-ndlela zeendawo ezimbini phakathi kweSAPS neDSD ukuze kufunyaniswe imiqobo kufunyanwe neengxelo ezinokuthelekiswa ziqinisekiswe zeenkukacha manani rhoqo ngeveki</p> <p>Ukwenza iProthokholi yoMsebenzi oseMgangathweni phakathi kwamasebe amabini malunga nokugqithiselwa kwabantwana ababanjiweyo ukuze bahlolwe.</p>
<p>Ukungahambelani kweeNPO nezibophelelo ezikwisivumelwano sabo.</p> <p>Ukukhutshwa kubhaliso kuthetha ukuba iNPO ayisebenzi ngokusemthethweni ngoko ke ayizofumana inkxaso-mali kurhulumente. linkonzo ezifunyenweyo azikwazi kubonelelwa. Imibutho emininzi iphulukene nenkxaso-mali yamazwe ngenxa yeengxaki ezikhoyo kwezemali kuzwelonke. Ukwanda kweendleko zecandelo kiindawo zoogobityholo nenyen inkxaso-mali kwizithuba eyongeziweyo kufuneka igcinwe (ngokuxhomekeke ekuhambelaneni neemigawo yababonelelo beenkonzo).</p>	<p>Ukuqhuba rhoqo uhlolo lomsebenzi kuzo zonke iiNPO zokuxhobisa ezifumana inkxaso-mali kwiDSD.</p> <p>Izika oya kulo leenkonzo (ubhaliso lweenkonzo zenkxaso)</p> <p>Ukuphindwa kubekwe phambili izinto zohlahlo lwabiwo-mali</p>

## 10.2 Ukulungelelanisa umsebenzi ekujoliswe kuwo nohlahlo Iwabiwo-mali neMTEF

### 10.2.1 Uqikelelo Iwenkcitho

#### Uhlahlelo Iwezoqoqosho

		Summary of payments and estimates - Programme 4: Restorative Services									
		Department of Social Development									
Sub-programme R'000		Outcome			Main appro- priation	Adjusted appro- priation	Revised estimate	Medium-term estimate			
		Audited	Audited	Audited				2014/15	2015/16	2016/17	% Change from Revised estimate
		2010/11	2011/12	2012/13	2013/14	2013/14	2013/14	2014/15	2015/16	2016/17	
1.	Management and Support (Programme 4)	5 830	4 480	3 184	4 091	4 256	4 256	4 353	4 627	4 912	2.28
2.	Crime Prevention and Support	122 336	123 607	129 196	144 402	151 640	151 640	164 841	175 320	187 607	8.71
3.	Victim Empowerment	6 883	11 951	14 006	17 667	17 167	17 167	24 030	25 298	26 422	39.98
4.	Substance Abuse, Prevention and Rehabilitation	65 483	67 274	78 519	81 437	82 668	82 668	86 585	91 945	96 752	4.74
<b>Total payments and estimates</b>		<b>200 532</b>	<b>207 312</b>	<b>224 905</b>	<b>247 597</b>	<b>255 731</b>	<b>255 731</b>	<b>279 809</b>	<b>297 190</b>	<b>315 693</b>	<b>9.42</b>

		Summary of provincial payments and estimates by economic classification - Programme 4: Restorative Services									
		Department of Social Development									
Economic classification R'000		Outcome			Main appro- priation	Adjusted appro- priation	Revised estimate	Medium-term estimate			
		Audited	Audited	Audited				2014/15	2015/16	2016/17	% Change from Revised estimate
		2010/11	2011/12	2012/13	2013/14	2013/14	2013/14	2014/15	2015/16	2016/17	
<b>Current payments</b>		151 098	151 982	155 513	172 257	179 966	179 966	191 791	203 623	217 387	6.57
Compensation of employees		79 276	76 291	81 619	103 361	98 456	98 456	108 440	115 233	125 036	10.14
Goods and services		71 762	75 675	73 894	68 896	81 510	81 510	83 351	88 390	92 351	2.26
Interest and rent on land		60	16								
<b>Transfers and subsidies to</b>		45 013	53 993	67 401	73 228	73 339	73 339	85 586	91 003	95 611	16.70
Provinces and municipalities											
Departmental agencies and accounts				1		13	13	13	14	15	
Non-profit institutions		44 201	53 638	67 174	73 206	72 706	72 706	85 550	90 964	95 570	17.67
Households		812	355	226	22	620	620	23	25	26	(96.29)
<b>Payments for capital assets</b>		4 421	1 337	1 984	2 112	2 426	2 426	2 432	2 564	2 695	0.25
Buildings and other fixed structures											
Machinery and equipment		4 421	1 337	1 984	2 112	2 426	2 426	2 432	2 564	2 695	0.25
<b>Payments for financial assets</b>				7							
<b>Total economic classification</b>		<b>200 532</b>	<b>207 312</b>	<b>224 905</b>	<b>247 597</b>	<b>255 731</b>	<b>255 731</b>	<b>279 809</b>	<b>297 190</b>	<b>315 693</b>	<b>9.42</b>

## **10.2.2 Ukulandelela uMsebenzi neNkcitho**

Izicwangciso nohlahlo Iwabiwo-mali IweDSD luza kuqhubeka ukusiwa kwezona ndawo zingena kuzo nezona zoqoqosho, ezifanelekileyo nezisebenzayo phakathi kweemfuno zoluntu nezinto eziphambili ezicwangcisiweyo zesizwe nezephondo, apho izinto ezibalulekileyo zenjongo eCwangcisiweyo yesi-8 yePhondo: Ukukhuthaza ukubandakanya wa koluntu nokuncitshiswa kwentlupheko.

Ngeli xesha leMTEF, izigqibo ezilandelayo ezicwangcisiweyo ziza kuba neempembelelo ekuqondweni kweziphumo ezicwangcisiweyo:

- Amalungiselelo okunyuka kwamaxabiso ekuxhaseni ngemali icandelo leNPO.
- Ukuqwalasela ekuzinzisweni kweependulo ezibhekisele eluntwini. Ukwanda kuyiwe kwiindawo ezssemaphandleni kwinkqubo yeVEP. Ukwanda kwiindleko zecandelo kwiindawo zokufihla intloko.
- Ukwandisela kwiinggaq ezssemaphandleni kwinkqubo iVEP.
  - Kuqhutyekewa nokunikezelwa ulawulo olumandla Iwamaziko esebe kwanokunikezelwa kweenkonzo.

## **11 Inkqubo Yesi-5: Uphuhliso Nophando Injongo**

Kukunikezelwa kweenkqubo eziphilileyo zophuhliso, eziphakamisa ukuxhotyiswa koluntu ekuhlaleni, ngokusekelwe kuphando olunobungqina neenkukacha ngamanani abantu.

### **Ukuhlahlelwa kwemeko**

INtshona Koloni likhaya kwizigidi ezi-2,2 zolutsha oluphakathi kwe-15 nama-34 iminyaka ubudala. Ngama-58% ulutsha olukwiPhondo abazelelwe eNtshona Koloni. Ngama-20,4% abazelelwe eMpuma Koloni, li-6,8% kwezinye iindawo zaseMzantsi Afrika ne-5,4% kwiindawo ezingaphandle eMzantsi Afrika.

Okuxhalabisayo kukho malunga nobuthathaka kolutsha kwiphondo. Li-13% ulutsha kwiphondo (malunga nama-277,160) abanokuhlelwa njenge-NEETS<sup>78</sup>. Isibini kwisithathu solutsha luhlala kwisiXeko saseKapa isinye kwisithathu bahlala kwezinye iindawo kwiphondo. Oomasipala baseDrakenstein, eStellenbosch, eBreede Valley naseGeorge banomlinganiselo ophezulu wolutsha olungekho kwisiXeko.

Ukuyeka kwabantu abatsha ukufunda yingxaki enkulu. Ingxaki iqala xa bemalunga ne-12 ne-16 ubudala phantse ibengabantwana abali-14% abaphuma phakathi esikolweni. Ingxaki iyabonakala eWest Coast apho bengaphezu kwama-22% abaphume phakathi esikolweni abaneminyaka eli-16. Ishumi leepesenti lolutsha olukwiphondo luneminyaka engaphezu kwe-14 abanemfundo engaphantsi kweminyaka esi-7 kwimfundo esesikweni nabathathwa njengabangafundanga.

Iimo ezahlukeneoyo zezimo zokuziphatha zolutsha olusemngciphekweni kwiphondo ziyaqhube ka ukuxhalabisa. Uphando Iwakutsha-nje lubonakalisa ukuba abafundi abakwibakala lesi-8 ukuya kwele-10<sup>79</sup> kwizikolo zephondo leNtshona Koloin kukho imizila ephazamisayo malunga nokusetyenziswa kweziyobisi nezimo zokuziphatha zokuxhatshazwa ngesondo kulutsha oluthatha inxaxheba kuphando. Ngokokusetyenziswa kweziyobisi, ngama-66% abafundi abachazwe ukuba basebenzisa utywala, ngeli xesha ikota yabafundi isebezisa icannabis. Malunga

<sup>78</sup>iNEETS ibhekisa kulutsha olune-15 leminyaka nangaphezulu, abayeke isikolo ngaphambi kokuba bafike kwiBangla Leshumi, abangaphangeliyo nabangenazakhiwo/luqequesho.

<sup>79</sup>iBhunga Lophando Ngamachiza (2012). Uphando Ngokusetyenziswa Kwamachiza, Ukuziphatha Ngokomngcipheko kanye Nempilo Yengqondo kubafundi abaphakathi kwebanga lesibhozo neleshumi kwizikolo zephondo leNtahona Koloni.

nokuxhatshazwa ngokwesondo, ngabafundi abangama-31,6% abafunyaniswe ukuba bebelana ngesondo. Okuxhalabisayo kukuba phantse abafundi abangama-60% babe babelana ngesondo bengazikhuse selana kwizihlandlo esinye ubuncinane.

Ipesenti enku lu yabafundi abakwizenzo zolwaphulo-mthetho ekuhlaleni kufuneka iqwalaselwe ngokwamalungiselelo eenkonzo zenkxaso ngokwasengqondweni nangokwentlalo ezifanelekileyo. Kwiinyanga ezili-12 phambi kophando, ngama-40% abafundi abaye babonwa behlabana nabaphantse bakwikota ababenobungaina bokubona abadutu yulwayo.

Izifundo ezahlukene yo zophando zibonakalise ukuba ulutsha oluseNtshona Koloni lusemngciphekweni wokubandakanyeka kumaqumrhwana obundlobongela afana nobugewu. Malunga nolwaphulo-mthetho, iNgxelo yoNyaka ekuPhunyenzweni kweChild Justice Act (ngo-2008)<sup>80</sup> ifumaseni ukuba iNtshona Koloni ibikwindawo yesibini yabantwana abalindele ukuxoxwa kwamatyala angama-624 (ilandela iRhawuti enama-642) kwaye ikwizinga eliphezuli lokuhlalelw a kwezenzo kwiinkundla zamatyala zobulungisa kulwaphulo-mthetho ali-1393 (kulandele iKwazulu-Natal enama-597).

Okuxhalanisayo kukhona kubuthathaka bolutsha kwiphondo. Li-13% ulutsha olukwiphondo (malunga nama-277,160) abanokuhlelw a kwiNEETS<sup>81</sup>. Okunye okuxhalabisayo kukuba ngama-23% ulutsha olungaphezu kweminyaka engama-20 abangasebenziyo. Ngaphezu kwama-60% abo bangasebenziyo abafikelelanga kwiMatriki. Kwabo basebenzayo, phantse ibengama-60% abafumana umvuzo ngenyanga ongaphantsi kwama-R3,200.

## **Inkqutyana ye-5.1 ULawulo neNkxaso**

### **Okuqwaleselwayo kwinkqubo**

Ukubonelela ngentlawulo yemivuzo neendleko zolawulo kubasebenzi abakuLawulo neNkxaso ababonelela ngeenkonzo kuzo zonke iinkqutyanas zale nkqubo.

<sup>80</sup>Ngxelo ngokuphunyewa kweChild Justice Act: ngo-2008; Ingxelo ngabantwana abasezintolongweni eMzantsi Afrika, eMuntingh naseBolani: ngo-2012

<sup>81</sup> I-NEETS ibhekisele kulutsha oluneminyaka eli-15 okanye nangaphezulu abayeke phakathi esikolweni phambi kokuba bagqibe iMatriki, abasebenzi kwaye abanazakhono/naqequesho.

## Inkqutyanā 5.2 Ukuhlanganiswa koLuntu

### Injongo yeNkqutyanā

Ukwakha uluntu olukhuselekileyo noluzinzileyo ngokudalwa kothungelwano loluntu olomeleleyo, ngokubhekisele kwimimiselo yentembeko neyokuhlonela ukwahluka kwabantu ekuhlaleni kulondolozwe ubunguwe nokuzithemba kwabantu ekuhlaleni.

### ISALATHISI SOMSEBENZI WAMACANDELO

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
	2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/16	2016/17
Inani labantu abafikelelweyo ngokweenkqubo zokuhlanganisa uluntu	-	-	-	-	N/A	N/A	N/A

## Inkqutyanā 5.3 Ukuxhotyiswa kwamaziko akhoyo nenkxaso kwiiNPO (ICB)

### Injongo yeNkqutyanā

Ukuxhasa ukubhaliswa kweeNPO nohlolo oluhambelana nemigaqo, nokunxulumana nokuqhagamshelana nabachaphazeleka kwiiNPO, ukubonelela ngokuxhotyiswa kwamaziko, ulawulo lwenkxaso-mali yeeNPO nohlolo nokudala ummandla ofanelekileyo ukuze zonke iiNPO zande.

### Okuqwaleselwayo kwinkqubo

Umbono ocwangcisiweyo wenkqubo ye-ICB kukukhulisa icandelo, elizinzileyo, elisempilweni nelinempumelelo leNPO. Ukuqhuba kakuhle kwecandelo leNPO asiyonto exhalabisa iDSD kuphela, ngentsebenziswano nekusetyenziswana nabo abaphambili iDSD ikhokele ukupuhliswa kwesicwangciso se-ICB sePhondo ukunika isikhokelo kubo bonke abadlala indima benombono omnye. Ukuxhasa isicwangcso sePhondo se-ICB, ungenelelo oluphambili lwenkqubo luza kwensiwa ngokwamalungiselelo eenkcukacha, oqequesho, okuxhotyiswa kwabantu, omsebenzi weDesika eNika uNcedo kwiiNPO nothungelwano ekuhlaleni ukuxhasa iiNPO kumgangatho wommandla. Kuqatshelwe ukuba icandelo leNPO lelona lisebenzisana neDSD ekukhuthazeni ekufikeleleni kwiinkonzo zentlalo-ntle yoLuntu kwiphondo liphela. KwiPhondo leNtshona Koloni ilonke inani leeNPO ngama-3 796 NPOs (ngowama-30 kuSeptemba ngo-2011) ezibhaliswe kwicandelo loPhuhliso loLuntu. Okona kubalulekileyo ngale ntsebenziswano neeNPO kubonakalisiwe

kulwabiwo lwama-54% kuhlahlo lwabiwo-mali lwemali egqithiselweyo yeSebe (ngo-2011/12) ukuya malunga ne-1 870 leeNPO (ngo-2011/12).

Ekunikeni ingqalelo kule ntsebenziswano, kuqatshelwe ukuba icandelo leNPO licandelo elinamandla nelisoloko litshintsha elisebenza kummandla obanzi nosoloko utshintsha. Imingeni ephambili neendawo zophuhliso ezifunyaniswe ziNPO zifunyenwe kwimiba yolawulo, ulawulo lwemali, uhlolo novavanyo, imisebenzi yokucwangcisa neyolawulo neyokunyuswa kwengxowa-mali ekuben i be yezinzileyo.

Le mingeni iphazamisa isebe kwiinzame zalo zokunikezela ngothungelwano olucingelekayo noluzinzileyo lweenkonzo zentlalo-ntle yoLuntu. Ikwanciphise intsebenziswano yonikezelo lweenkonzo ngesimo salo nokuphendula ngendlela ecwangcisiweyo kule mingeni ngokubonelela ngeeNkonzo ezifanelekileyo zeNkxaso ekuXhotyisweni koluntu kjoliswe kuPhuhliso lweSebe nokuphuhliswa kwezenzo zolawulo olululo. linkonzo zeNkxaso ekuKhuthazweni kokuXhobisa kuza kuqwalasela kanye koku. Ekumelaneni nale miceli-mngeni ingentla apha, le nkqubo iyakuqwalasela oku kulandelayo:

- liNkonzo zeNkxaso kuBhaliso (idesika enika uncedo)
- Ulawulo nokuSebenza kweeNPO (uqequesho)
- Inkxaqo yokuqequesha. (Ukunikwa iingcebiso).

Lonke olu ngenelilo lungentla luza komelezwa ziinkonzo zenkxaso zokubakhathalela kamva ziquszelelw ziiNgcalo zoPhuhliso loLuntu kwimimandla eyahlukeneyo.

<b>Injongo eCwangcisiwego</b>	linkonzo zokupuhhliswa kokuxhotyiswa koluntu nezenkxaso kwiiNPO ezichongiwego ezifumana inkxaso-mali nemibutho yasekuhlaleni
<b>Ingxelo enenjongo</b>	Ukomeleza amandla olawulo kwiiNPO ezifumana inkxaso-mali ezi-1 245 ( <i>eziengxakini nezisemngciphekweni</i> ) nemibutho yasekuhlaleni echongiwego ngoMatshi ngo-2015.
<b>Isiseko</b>	Inani leeNPO ezifumana iinkonzo zokukhuthazwa kokuxhotyiswa nezenkxaso: 2 175
<b>Isizathu</b>	Le njongo iza kuba negalelo kumsebenzi wesebe ophuculiwego; izeno zolawulo olululo nokwenza iiNPO zipuhhlise ngempumelelo iinkonzo ekusetyenziswana kuzo. Iza kuphumeza nokusekwaa kothungelwano lwenkxaso lweeNPO ekuhlaleni olujolise ekukhuthazeni izeno zolawulo neziza kuhokelela ekuphuculweni kokunikezelwa kweenkonzo.
<b>Unxulumano</b>	Le njongoinxulumene nenjongo ecwangcisiwego yeDSD 2: "Ukudala amathuba ngokweenkonzo zophuhliso loluntu". Ikwanxulumene nePSO 8: "Ukukhuthazwa ukuBandakanywa koLuntu nokuNcitshiswa kweNtlupheko" nesiphumo seSizwe ye-12: Inkonzo karhulumente ejolise kuphuhliso olunempumelelo, olusebenzayo nolujolise kuphuhliso nabemi abaxhotyisiwego, abanobulungisa nababandakanywayo".
<b>Umngcipheko noLawulo loMngcipheko</b>	linkonzo ezinikezelwayo azifikeleli kwiinjongo zenqubo. Ukuqokelelwa kweenkcukacha amaxesha ngamaxesha kuvumela isigqibo sesebe senziwe

<b>Injongo eCwangcisiwego</b>	<b>Isalathisi somsebenzi wenjongo ecwangcisiwego</b>	<b>Isicwangciso-qhinga ekujoliswe kuso</b>	<b>Ophicothiweyo/Owona msebenzi</b>			<b>Umsebenzi oqikelelwayo</b>	<b>Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi</b>		
			<b>2010/11</b>	<b>2011/12</b>	<b>2012/13</b>		<b>2014/15</b>	<b>2015/16</b>	<b>2016/17</b>
linkonzo zokupuhhliswa komgomoo nezenkxaso kwiiNPO ezichongiwego ezifumana inkxaso-mali nemibutho yasekuhlaleni	Inani leeNPO ezifumana iinkonzo zokukhuthazwa kokuxhotyiswa nezenkxaso	1 245	730	1 914	2 175	1 245 <sup>82</sup>	1 245	1 245	1 245

<sup>82</sup> Ekujoliswe kuko kunciphile ngenxa yokuba kwa eli qela linye lifumana iingcebiso noqequesho ngo-13/14 nango-14/15 nekujoliswe kuko kwimimandla kunciphile kwajoliwa kokona kufanelekileyo.

## ISALATHISI SOMSEBENZI WAMACANDELO

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
	2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/16	2016/17
Inani leeNPO ezixhotyiswayo ngokwesakhelo sokuxhotyiswa <sup>83</sup>	730	1 200	896	652 <sup>84</sup>	600	600	600

### Uhlahlelo ngekota

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	UKUNXULUMANISA II-PSO	Ixesha lokunika iingxelo	Ekujoliswe kuko ngonyaka 2014/15	Ekujoliswe kuko ngekota				Liényuka / Alenyuki
				Eyoku-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4	
Inani leeNPO ezixhotyiswayo ngokwesakhelo sokuxhotyiswa	8	Ngekota	600	150	150	150	150	C

## ISALATHISI SOMSEBENZI WEPHONDO

Isalathisi soMsebenzi weNkqubo	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwayo 2013/14	Ekujoliswe kuko kwisigaba sexesha eliphakathi		
	2010/11	2011/12	2012/13		2014/15	2015/16	2016/17
Inani leeNPO ezincediswayo ngobhaliso	200	1 489	600	1 560 <sup>85</sup>	600	600	600
Inani leeNPO ezibonakalisa uvavanyo Iwangaphambili nolwamva lokuba ulwazi Iwabo luhuculiwe emva kokuya kuqequesho Iwenkxaso kulawulo.	-	-	Isalathisi esitsha	45	45	45	45
Inani leeNPO ezssemngciphekweni eziye kwinkqubo yokuqeleshwa nokucetyiswa apho ulwazi, iinkqubo nokuba nako kwazo ukwenza izinto kuye kwaphuculwa	121	45	60	45 <sup>86</sup>	45	45	45

<sup>83</sup> Esi salathisi sika-2013/14 sibonakalisa isikhokelo endaweni yesakhelo – imimiselo isetyenziswa ngokutshintshana

<sup>84</sup>Iprojekthi exhabisa ii-ECD igqibelete

<sup>85</sup>limfuno ezimandla ezsuka kwiiNPO ngenxa yokungazingenisi kwangethuba izinto

<sup>86</sup>Ukuncipha ngenxa yezinto ezirheshayo kwiindleko ezandileyo

<sup>86</sup>linkonzo zenkxaso ekuxhotyisweni koluntu zibonakalisa inkqubo yokucebisa ngesimo kwixesha leenyanga ezili-12 kwaye zibonelelwa ukufumana iiNPO njengongenelelo olucwangcisiweyo ukuqinisekisa ukuba ezi NPO zihambelana neemfuno ezifanelekileyo njengoko zichaziwe kwisiVumelwano seNtlawulo eGqithisiweyo.

## Uhlahlelo ngekota

Isalathisi soMsebenzi weNkubo	UKUNXULUM ANISA II-PSO	Ixesha lokunika iingxelo	Ekujoliswe kuko ngonyaka 2014/15	Ekujoliswe kuko ngekota				Liyenuka / Alenyuki
				Eyoku-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4	
Inani leeNPO ezincediswayo ngobhaliso	8	Ngekota	600	150	150	150	150	C
Inani leeNPO ezibonakalisa uvavanyo lwangaphambili nolwamva lokuba ulwazi lwabo luhuculiwe emva kokuya kuqequesho lwenkxaso kulawulo.	8	Ngonyaka	45	-	-	-	45	N/C
Inani leeNPO ezssemngciphekweni eziye kwinkubo yokuqequeshwu nokucetyiswa apho ulwazi, iinkqubo nokuba nako kwazo ukwenza izinto kuye kwaphuculwa	8	Ngonyaka	45	-	-	-	45	N/C

## Inkqutyan 5.4 Ukuncitthiswa kwentlupheko nobomi obuzinzileyo

### Injongo yeNkqutyan

Ukwenziwa nokuphumeza iinkqubo zophuhliso ezhlangeneyo ejijolise kulutsha, kubantwana nakubanonopheli abadinga inkxaso yezakha mzimba.

### Okuqwaleselwayo kwinkqubo

Okona kuqwaleselwa kuko kule nkqubo koku:

- Ukubonelela ngenkonzo kwabo bantwana neentsapho abangekho kwiNkqubo yoNyango lwezakha-mzimba esuka kwiSebe lezeMpilo nabo bangafanelanga ukufumana le nkxaso yeSRD esuka kuSASSA. Kucingelwa ukuba abaxhamli baza kuggithisewa kwiindawo ezinikezelu ngokutya (kwiDOH neSASSA). Uhlolo olwenziwa ngoonontlalontle beDSD luza kuqinisekisa ngexesha iintsapho ekufuneka zithathe inxaxheba kwezi nkondo.
- Ukuphumeza inkqubo zenkxaso kwizakha-mzimba ekujoliswe kuzo kubo kumaziko esondlo akhethiwego.

<b>Injongo eCwangcisiweyo</b>	Uku <sup>87</sup> fikelela kwiinkonzo ezifanelekileyo zenkxaso ngokutya nangokwentlalo kulutsha, abantwana, abanonopheli babo abaphambili kanye/okanye namakhaya asemngciphekweni wendlala.
<b>Ingxelo enenjongo</b>	Ukukhuthaza ukubandakanya <sup>88</sup> wa koluntu nokuncitthiswa kwentlupheko ngokubonele <sup>89</sup> wa kokutya ekujoliswe kuko okwexeshana kwabo babuthathaka nokubabonele <sup>90</sup> la ngamathuba okufikelela kwiinkonzo ezifanelekileyo zikarhulumente ngoMatshi ngo-2015.
<b>Isiseko</b>	Inani labantu abafumana ungenelelo loncedo lokutya: 19 140
<b>Isizathu</b>	Ukuququzelela ukuphunyezwa koncedo lokutya nongenelelo lwentlalo-ntle yoLuntu kubantu ababuthathaka nakumakhaya aseNtshona Koloni.
<b>Unxulumano</b>	Le njongo inxulumene neNjongo yoku-1 yoPhuhliso lweNkulungwane: ukususa indlal nentlupheko emandla. Kwanxulumene nePSO 8: "Ukukhuthazwa ukuBandakanya <sup>91</sup> koLuntu nokuNcitthiswa kweNtlupheko", Iziphumo zeSizwe zesi-7: "Uluntu oludlamkileyo, olulinganayo noluzinzileyo Iwasemaphandleni olunoncedo lokutya kumntu wonke" neyesi-4: "Umsebenzi ofanelekileyo ngokubandakanya <sup>92</sup> kokukhula koqoqogsho".
<b>Imingcipheko nolawulo lokusemngciphekweni</b>	Umngcipheko: Ulutsha, abantwana neentsapho abasemngciphekweni abafunyaniswanga bengaggithiselwanga. Utshintsho kuMgaqo-nkqubo lungachaphazela ekufikeleleni koko kujoliswe kuko. Abantwana abahamba isikolo abangathathi nxaxheba kwinkqubo yezik <sup>93</sup> leMOD. Ukuncitthiswa koMngcipheko: Unxibelewano oluqhube <sup>94</sup> kayo Iwabo bonke abadlala indima. Ukukhuthaza nokwazisa ngenqubo yeMOD.

